


## UMBONO, IINJONGO, IINJONGO NAMACEBO

Ukuqhubeka nokuphucula ukuhlinzeka ngeenkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle kuluntu lwethu ngenkxaso yempucuko ngowama-2050.

## ILIZWI LOXANDUVA

Ukusebenzisana noluntu lwawo kunye nabaxhasi, uMasipala wesiThili iHarry Gwala uzakuqinisekisa ukuhlinzeka ngeenkonzo zamanzi acocekileyo kunye nogutyulo lwelindle.

## IINKOLELO EZINGUNDOQO

- Ukungabinamfihlo
- Iimpendulo
- Iingxoxo
- Ukuzinikezela nokwethembeka

**Ezi nkcukacha zingezantsi zibonakalalisa indlela ekwakhiwe ngayo amakomiti kamasipala, kwaye iqhubeka inazisa ngosihlalo bawo kunye namalungu ngokupheleleyo – 2024/2025:**

**IKOMITI ENKULU**

| | |
|---|---|
| Ceba ZD Nxumalo | uSodolophu (uSihlalo) |
| Ceba TN Jojozi | uSekela Sodolophu |
| Ceba SD Bekwa | Ilungu |
| Ceba Z Tshangase | Ilungu |
| Ceba KS Dlamini | Ilungu |

**IKOMITI KAMASIPALA YAMATYALA OLUNTU (MPAC)**

| | |
|---|---|
| Ceba NW Dladla | uSihlalo |
| Ceba N Mda | Ilungu |
| Ceba r BL Marnce | Ilungu |
| Ceba BR Memela | Ilungu |
| Ceba HA Lukhozi | Ilungu |

**IKOMITI YE-OFISI YEZIMALI NENDYEBO**

| | |
|---|---|
| Ceba ZD Nxumalo | uSihlalo (uSodolophu) |
| Ceba TN Jojozi | Ilungu (uSekela Sodolophu) |
| Ceba r SD Bekwa | Ilungu (Exco) |
| Ceba KS Dlamini | Ilungu (Exco) |
| Ceba SRL Nzimande | Ilungu |

**IKOMITI YEENKONZO ZEMISEBENZI**

| | |
|---|---|
| Ceba TN Jojozi | uSihlalo (uSekela Sodolophu) |
| Ceba B Sibeni | Ilungu |
| Ceba TSH Gamede | Ilungu |
| Ceba XM Memela | Ilungu |
| Ceba PN Damoyi | Ilungu |

**IKOMITI YEENKONZO ZOLUNTU NECEBO LOPHUHLISO**

| | |
|---|---|
| Ceba TN Jojozi | uSihlalo (uSekela Sodolophu) |
| Ceba NH Zaca | Ilungu |
| Ceba PK Memela | Ilungu |
| Ceba NC Dlamini | Ilungu |
| Ceba N Mhatu | Ilungu |

**IKOMITI YEENKONZO ZEZAKHIWO**

| | |
|---|---|
| Ceba ZD Nxumalo | uSihlalo (uSodolophu) |
| Ceba ZP Dlamini | Ilungu |
| Ceba NR Mtshali | Ilungu |
| Ceba HV Msomi | Ilungu |
| Ceba ZM Ngidi | Ilungu |
| Ceba Z Tshangase | Ilungu (Exco) |
| Inkosi VV Zimema | Ilungu Ex Officio |

**IKOMITI YEENKONZO ZAMANZI**

| | |
|---|---|
| Ceba SD Bekwa | uSihlalo |
| Ceba SG Mkhize | Ilungu |
| Ceba TG Soni | Ilungu |
| Ceba ZR Tshazi | Ilungu |
| Ceba NH Malimela | Ilungu |
| Ceba N Mathe | Ilungu |

**IQUMRHU LABASEBENZI EKUHLALENI (LLF)**

| | |
|---|---|
| Ceba SRL Nzimande | uSihlalo |
| Ceba ZR Tshazi | Ilungu |
| Ceba ZP Dlamini | Ilungu |
| Ceba TSH Gamede | Ilungu |

**IKOMISHONI YEMIBUTHO EYOHLUKENEYO YAMANINA**

| | |
|---|---|
| Ceba ZP Dlamini | uSihlalo Iingxoxo zamanina |

***Onke amalungu abasetyhini angamalungu***

# ISIQULATHISO


| | |
|---|---|
| Ilizwi loMhleli | 04 |
| Amazwi Esikhokelo ka-Sodolophu | 05 |
| Amazwi kaMeneja kaMasipala | 06 |
| Ingxelo yamanzi lisebe leenkonzo zamanzi kwisiThili iHarry Gwala | 07 |
| UMasipala waseHarry Gwala iBhunga eliKhulu | 08 |
| Intlanganiso evulelekileyo yebhunga loMasipala wesiThili iHarry Gwala yama-2025 Nohlahlo Lwabiwo Mali | 10 |
| Uchulumanco ngethuba ulutsha olungasebenzi lufumana inkxaso kwisiThili iHarry Gwala | 13 |
| Uluntu lwaseButateni lufumana amanzi acocekileyo | 14 |
| UMasipala wesiThili iHarry Gwala usingatha iingxoxo zekota zabezonxibelelwano besiThili | 15 |
| IHarry Gwala “Ivala isikhewu esisisigidi sonyango lwe-HIV” | 16 |
| Kuvulwe ngokusesikweni uMasipala i-Johannes Phumani Phungula Local Municipality | 17 |
| Yiba Nolwazi ngoMasipala Wakho | 18 |
| Bathini Abantu | 19 |
| Ingxelo Yezentlekele: Izehlo zentlekele ezenzeke kwinyanga Katshazimpuzi ukuya kweyesilimela 2025 | 20 |
| IHarry Gwala ithi huntshu kumdlali webhola yomnyazi omele isiThili eNamibia | 22 |
| Inkqubo yokufundisa ngempilo  yokuhlolwa kwamehlo | 23 |
| I-Environmental & Waste Indaba:  “Inkunkuma Yimali” | 24 |
| Intlanganiso ekhethekileyo yebhunga ebanjelwe ukwazisa inkokheli yemveli, uNkosi Thanduxolo Baleni | 25 |
| Imbali emfutshane ngoMlawuli oMkhulu omtsha | 26 |
| Amazwi enu abalulekile, leqani amaphupho enu - uCeba Patience | 27 |
| Iincutshe ezimele uphuhliso lwesithili zityelela uMasipala wesiThili iHarry Gwala | 28 |
| Iingxoxo zokukhuliswa kwamakhwenkwe abengamadoda kunye nezilumkiso ze-GBVF:  Uphuhliso lwabafana nekamva eliqaqambileyo!! | 30 |
| Iingxoxo zeHarry Gwala zeG20: USodolophu uqwalasela uphuhliso lwezakhiwo | 31 |
| Ingxelo Yezakhiwo | 32 |
| Isaziso Soluntu: Icebo Lesinxephezelo | 33 |
| UMasipala wesiThili iHarry Gwala uthabatha inxanxeba kwiTumente i-UMngeni-UThukela Annual Sport Tournament | 34 |

# Iindlela zokuqinisa ubudlelwane ngezokuxhumana


**UMnu uNdabezitha Tenza**
Umphathi Wezokuxhumana

KULUVUYO kwakhona ukunamkela kweli khasi lezokuxhumana ukunazisa ngeenkqubo zika masipala nezophuhliso ezibonakalisa ukuhanjiswa okanye ukusiwa kweenkonzi kuluntu okuqhubekayo.

Mandithabathe eli thuba ukubhotisa nokugqithisa umbulelo ngenkxaso yenu engagungqiyo, nomdla wenu kwinkqubo kwisiThili iHarry Gwala.

Xa sijonga kwikota egqithileyo, uMasipala wesiThili iHarry Gwala sele uhambe umgama omde kulawulo, ukuhanjiswa kweenkonzo, uphuhliso lolutsha, izakhiwo kunye nophuhliso loluntu. Olu shicilelo luqulathe impucuko, neenjongo ezibhiyozela nokubonisa ngesiThili esiphumelelayo, kwaye esimamelayo, esizibandakanyayo nesitshintshayo. Intlangasiso yethu evulelekileyo yebhunga, eyohlahlo lwabiwo mali, ibonakalisa ukuzinikezela kwethu ukuba singabina mfihlo, kunye nolawulo lokuzibandakanya. Uhlahlo lwabiwo mali lokugqibela lonyaka-mali wama-2025/26 lufikelela kwizigidi ezingama-R992.8, ebonakalisa ukonyuka ngomyinge we4% (izigidi ezingama-R35.9) kwingeniso epheleleyo, xa kuqhathaniswa nohlahlo lwabiwo mali lonyaka-mali wama-2024/25. Abahlali bebeyinxalenye yale ntlanganiso ukuqinisekisa ukuba ilizwi labo liyavakala kwimiba ebalulekileyo kamasipala. Esi, sisenzo senkululeko, kwaye siyazingca ukugcina uluntu lusazi kwaye lubandakanyeka. Ulutsha luyaqhubeka ukuba yintliziyo yekamva lethu. Umbhiyozo wenyanga yolutsha wesiThili, obhiyozelwe kwinyanga yeSilimela e-Ixopo Soweto Hall, ubanjwe ngomdla omkhulu, kwahlonitshwa italente, izakhono kunye nokuzimisela koosomashishini abancinane koomasipala bonke basekuhlaleni. Umzekelo oqaqambileyo, siyazingca ukuthi ndlela-ntle kuSinegugu Gamede, ongumfundi webanga lethoba (Grade 11) eShayamoya High School eKokstad, ophakamisele igama lesiThili phezulu kukhuphiswano lukazwelonke lwebhola yomnyazi. Uhambo lwakhe kusisikhuthazi kubantu amaninzi abancinane eHarry Gwala.


Kwiinzame zethu eziqhubekayo zokuqinisekisa ukufumaneka kwamanzi acocekileyo, umasipala wenze umthombo otsala amanzi ngaphantsi komhlaba eButateni, nekuyi projekthi ebonakalisa isithembiso sethu sokuhanjiswa kweenkonzo ezingundoqo, nakuluntu lwethu oluhlala ezilalini. Iingxelo zamanzi nezakhiwo eziqulathwe lolu shicilelo zinengxelo epheleleyo yenkqubo nemiceli mngeni, xa sisebenzela ukuhlinzeka ngamanzi acocekileyo kwisiThili sonke. Ukukhula kwezakhiwo zethu kuhambisana nokukhula kwesilumkiso soxanduva lokusingqongileyo. Bekusingethwe i-Environmental and Waste Indaba eMzimkhulu, nalapho kudandalaziswe amanyathelo athatyathiweyo ukulwa nongcoliseko, ukukhuthaza ukuphila kwendalo, nokukhuthaza ukuzibandakanya koluntu kulawulo lwenkunkuma. Xa siqhubeka, iziko lezentlekele lisebenze nzima ukuqinisekisa ukuba banika abahlali ebebechatshazelwe yintlekele yomoya obhudla ngamandla, iindawo zokufihla iintloko.

> *Inyanga YeKhala nayo ibixakekile: ukusuka kumalungiselelo entlanganiso yolawulo lwasemakhaya iG20 Africa, ibibanjelwe eHarry Gwala, ukuya kwiingxoxo zamadoda, ezigxile kwiintsapho, impilo entle kunye nobunkokheli.*

Kuye kwenziwa notshintsho olubalulekileyo lwegama, nanjengoko kuye kwasungulwa uMasipala waseKuhlaleni iJohannes Phumani Phungula, ngelihlonipha igqala lomzabalazo wenkululeko u"Pass 4" Phungula. Ngaphezu koku, umasipala wethu uye watyelelwa ziinchutshe ezimele uphuhliso lwesiThili, uNjing. Blade Nzimande, ongumphathiswa wezobuchwepheshe, ubuxhaka-xhaka nempucuko, kunye nosekela mphathiswa wokhuselo namagqala omkhosi, uMnu. Richard Mkhungo, ukuze bathababathe inxaxheba kungenelelo lukarhulumente, injongo yalo ikukukhawulezisa ukuhanjiswa kweenkonzo. Inyanga YeKhala nayo ibixakekile: ukusuka kumalungiselelo entlanganiso yolawulo lwasemakhaya iG20 Africa, ibibanjelwe eHarry Gwala, ukuya kwiingxoxo zamadoda, ezigxile kwiintsapho, impilo entle kunye nobunkokheli. Le misitho idibanise iinkokheli kunye noluntu ukuze kwakhiwe ubuhlobo obuluqilima. Xa singena kwinyanga yamanina (EyeThupha), sithabathe ixesha sizoba ubomi bamanina aziinkokheli kwisiThili, ukwazisa ngelalelo labo elibalulekileyo kulawulo, uphuhliso loluntu nokudibanisa uluntu.

Xa ndigqibezela, ndinqwenela ukwamkela nokuncoma umphathi wethu omtsha weenkonzo zoluntu nesebe lecebo lophuhliso, uNkszn. Thobeka Mahlaba. Umzobo wobomi bakhe uveza ubunzulu bamava kunye nemibono aza nayo kweli ziko. Silicandelo lezonxibelelwano, umsebenzi wethu ayikokunika ulwazi kuphela, koko kukuphuhlisa nokuxhumana. Sinethemba lokuba nizakulonwabela olu shicilelo oluzele ziindaba. Malube sisikhanyiso esijolise kumasipala odlamkile, owomeleleyo, nothanda abantu – apho kubaluleke onke amazwi kwaye kufikelelwa kwimbombo zonke.


**UNKS UNONTUTHUKO NGUBANE**
UMXHUMANISI KAMASIPALA NOLUNTU (PRO)


**UNKS SIBONGILE KUNENE**
IGOSA LEZONXIBELELWANO


**UNKS UATH'ENKOSI BAQWA**
ISEKELA KWEZOKUXHUMANA


**UNKS UFUNDISILE QOZA**
ITHWASA KWEZOKUXHUMANA KWI-EPWP

# Usodolophu uququzelela abasetyhini ukuba bathathe inxaxheba kwiingxoxo ze-G20, ekwagxeka nokuhlukunyezwa kwabo nokuba bakhuselwe



**USodolophu waseHarry Gwala uCeba uZ.D Nxumalo**

**Umyalezo weNyanga yaManina 2025**

NGELITHUBA lokuba ilizwe liqhubeka nokubhiyozela indima edlalwe ngamanina kuluntu lwethu ngeNyanga yaManina, kubalulekile ukuqaphela ukuba oku sikwenza rhoqo ngonyaka, ukugqamisa iimpumelelo zamanina, siyalazi negalelo lawo kwidabi lenkululeko, kwaye sikhuthaza uphuhliso lwawo oluqhubekayo kunye nokhuseleko lwawo.

Ngamafutshane, sibulela amanina ngegalelo lawo eluntwini kwezoqoqosho, kwaye ndiyabakhuthaza ukuba baqhubeke babe kukubetha kwentliziyo kwiintsapho nakwizizukulwana ezininzi ezizayo.

Kwimvelaphi yembali yelizwe lethu, siyayazi indima yabo ebalulekileyo abayidlalileyo ukuwisa inkqubo yengcindezelo, kwaye sikhumbula ukuzinikezela kwamaqhawekazi ayelwela amalungelo abasetyhini.

**Uphuhliso nokhuseleko lwamanina nokutshabalalisa i-GBV**

Enye yezinto eziyingozi kakhulu eyenzeka kwabasetyhini ngoku, kukuxhatshazwa ngokwesini. Ndithanda ukukhuthaza abantu basetyhini ukuba bathandane, baxhasane, bazinakekele, kwaye baxele naluphi na uhlobo lokuxhatshazwa olwenzeka kubo.

Ndimemelela nentsebenziswano yokuphuhlisa ukulingana ngokwesini, ukuqhawulwa kwamatyathanga, nokuqinisekiswa kokhuseleko lwamanina nempilo yawo. Thina, singamadoda, sizimanya namanina nokusebenzisana nawo ukwakha uluntu olungcono.

**I-G20 e-HGDM imemelela ukubalula uphuhliso lwezakhiwo**

Nanjengoko ilizwe lilungiselela ukusingatha iingxoxo ze-G20 ekupheleni konyaka, uMasipala wesiThili iHarry Gwala izakubalula uphuhliso lwezakhiwo, ngakumbi kwiidolophu zasezilalini, ukuba kuphale phambili kwiingxoxo ezizayo, nezizakubanjwa apha eMzantsi Afrika kweyeNkanga 2025.

Eli leqa elingamashumi amabini (G20), ziingxoxo zaphesheya kwezilwandle zamazwe aphuculwayo nawaphucukileyo, nasafuna izisombululo zemiba yezoqoqosho nezimali.

Ngethuba lezi ngxoxo, kufanele siqwalasele amava amanye amazwe, ngeendlela zokuphucula ulwakhiwo lwemigwaqo ukuxhumanisa amashishini kuphuhliso lwezoqoqosho.

Oku ndikutsho ngoba, ukuxhumana kwemigwaqo kuzakwenza lula kumaqela karhulumente nawabucala, ukuphucula ukuhanjiswa kwempahla nabantu, nokukhokhelela kuphuhliso lwemveliso, amathuba emisebenzi kunye nophuhliso lwezoqoqosho jikelele.

I-G20 yenziwa ngamazwe aquka: i-Argentina, Australia, Brazil, Canada, China, France, Germany, India, Indonesia, Italy, Japan, Republic of Korea, Mexico, Russia, Saudi Arabia, South Africa, Türkiye, United Kingdom, kunye ne-United States, kunye namaqumrhu amabini, iManyano yamazwe ase-Europe kunye neManyano yamazwe ase-Afrika. Amalungu e-G20 aquka amashishini amakhulu emhlabeni, amele umyinge ongama 85% wemveliso zasemakhaya ezikrwada, ngaphaya komyinge wama75% woshishino lwapesheya kwezilwandle, nomyinge wabantu ababini kwisithathu emhlabeni.

**Unyaka-mali wama-2025/2026**

Umasipala wesiThili iHarry Gwala uthe thaca ngokupheleleyo uhlahlo lwabiwo mali lonyaka mali wama-2025/2026.

> ***"Ndimemelela nentsebenziswano yokuphuhlisa ukulingana ngokwesini, ukuqhawulwa kwamatyathanga, nokuqinisekiswa kokhuseleko lwamanina nempilo yawo. Thina, singamadoda, sizimanya namanina nokusebenzisana nawo ukwakha uluntu olungcono.***

Ngexesha lokuthiwa thaca kolu hlahlo mali, nditshilo ukuba, liwonga nentlonipho kum ukuthi thaca uhlahlo mali lokugqibela lonyaka-mali wama-2025/2026, uhlahlo mali olungenziwanga ngasese, kodwa olwenziwe ngeengxoxo eziqhubayo, uphawu nokuzinikezela kwimithetho yeenkonzo, inyaniso nophuhliso, kunye nemithetho yeempendulo, i-IDP kunye namanye amaxwebhu ophuhliso kunye nemithetho.

Ndikwathe, uhlahlo mali lwama-2025/2026 lufike ngexesha apho isiThili sethu sijamelene neenyaniso ezimbini, ukukhula kwezidingo zokuhanjiswa kweenkonzo kweli icala, ukunqongophala kwezimali kwelinye icala. Kodwa, ngenxa yolawulo lwemithetho yethu yokulingana, inkxaso kunye nokungabi namfihlo, senze uhlahlo lwabiwo mali oluzakusabela imiceli mngeni eyohlukileyo yasezilalini, ngelixa sisenza isiseko sesingqi sexesha elide. Ezoqoqosho eMzantsi Afrika zikwimeko enzima, okubonakaliswa kukukhula kancinane kwezoqoqosho, nemiceli mngeni emithathu engapheli: ukungalingani, intswelangqesho, kunye nendlala. Nangona sibona iinguquko ezincinance, kulindeleke ukuba ezoqoqosho zonyuke, nanjengoko kulindileke ukuba ukwehla nokwenyuka kuzinze, nokuzakufikelela kwizinga elilindelekileyo kwi-Reserve Bank.

**Amanzi nogutyulo lwelindle luxanduva lwethu olungundoqo nokubetha kwentliziyo yesiThili**

IsiThili sinabantu abangama-510 865, nalapho abasetyhini besenza unyinge ongama53% (271 284). Uhlahlo lwabiwo mali oluzizigidi ezingama-R296 oluvunyiweyo luzakuphucula izinga lempilo yoluntu lwethu lonke. Ngaphandle kwamanzi acocekileyo, oomama bethu, ootata, kunye nolutsha ngeke babenesidima. Njengolawulo lwamanzi, uxanduva lwethu olungundoqo, kukuqinisekisa ukuba ikhaya ngalinye, izikolo kunye namashishini afumana amanzi acocekileyo.

Kunyaka mali wama-2025/26 umasipala ubekele bucala izigidi ezingama R239 ezisuka kwinkxaso yezakhiwo zikamasipala. Umasipala ukwabekele bucala imali engaphaya komyinge we15% izigidi ezingama R37.6 ukuhlangabezana nemiceli mngeni yezakhiwo ezindala ngemisebenzi nonakekelo, kunye nolawulo lwempahla. Kukhona izigidi ezingama R41.4 ngenkxaso yangaphakathi, ezakunakekela amaziko akhoyo amanzi nogutyulo lwelindle kwisiThili sonke.

UMasipala wesiThili iHarry Gwala uzakwenza iinzame zokugqiba iiprojekthi zawo zeminyaka. Uhlahlo lwabiwo mali lulonke lonyaka mali wama-2025/206 zizigidi ezingama-R992.8. Ngolu hlahlo mali, siqinisekile ukuba sizakuphucula iinjongo zethu zokuhanjiswa kweenkonzo ezicetyiweyo. Xa sinokohluleka ukwenza oko, kuthetha ukuba asizisabelanga izidingo zoluntu lwethu.

Inkozi inisikelele, ndiyabulela!

# Siqhuba iinkonzo ezisulungekileyo, iimpendulo kunye nophuhliso loluntu ngo2025/2026



**uMnu uGamakulu Ma-Art Sineke**
uMphathi kaMasipala

BHOTANI nonke bahlali, bathengi, kunye namaqabane oMasipala wesiThili iHarry Gwala. Xa singena kunyaka-mali omtsha wama2025/2026, uMasipala wesiThili iHarry Gwala uzimisele ukuqinisekisa ukuba ukuhanjiswa kweenkonzo kuhamba phambili. Ngeli xesha, uMasipala ukwinqanaba lokugqibela ukuqinisekisa ukuba Iingxelo Zezimali Zonyaka ezisulungekileyo ziyafakwa. Ngelixa kujongwe ukuhanjiswa kwe-AFS ezisulungekileyo, umasipala ukwagxile kumsebenzi uwonke we-PMS, nayo ezakufaka ingxelo yayo yomsebenzi yonyaka (APR) kuMphicothi-Zincwadi Jikelele (AG). Ukusuka kwidesika yam, ndingatsho ngokuzethemba ukuba konke oku, kuzakugqwesa ngezinga eliphezulu.

Ingxelo yethu yonyaka inika umbono opheleleyo wokusebenza kukamasipala, iimpumelelo kunye nemiceli mngeni esijamelene nayo kunyaka mali. Le ngxelo yonyaka ikwanika ingcaciso yokusebenza kukamasipala xa kuqhathaniswa nohlahlo lwabiwo mali lukamasipala. Ikwancedisa ukukhuthaza ukuba neempendulo koomasipala basekuhlaleni, ngezigqibo eziye zathatyathwa unyaka wonke ngumasipala okanye yi-arhente kamasipala. Le ngxelo ikhokhelwa zizidingo zoMphicothi-Zincwadi Jikelele, ngokuqinisekisa ukungabina mfihlo nokunika iimpendulo kuyo yonke into esiyenzayo.

> ***Xa sijonga kwinkqubo yethu notshintsho, omnye woomasipala bethu basekuhlaleni, obusaziwa ngo-Ubuhlebezwe, utshintshe igama, ngoku sele usaziwa njengoMasipala waseKuhlaleni iJohannes Phumani Phungula (JPP). Olu tshintsho lubonakalisa isiqendu esitsha kuhambo lwethu lokulungisa ukulingana kwemvelaphi kunye nendyebo yesintu.***

UMasipala wesiThili iHarry Gwala uzibophelele ukuphucula izinga lempilo yabahlali bawo. Oku kubonakala ngenani lamaziko amanzi awokhiwayo ngumasipala kwisiThili jikelele. UMasipala wesiThili iHarry Gwala ukwahlangene nabanye abaxhasi bangaphandle, njengeQumrhu laBangaboni leKZN, necandelo lethu leenkqubo ezikhethekileyo, ngamaqela azo, nalapho beqhuba khona iinkonzo zokuhlolwa kwamehlo kuluntu lwethu. Olu sungulo lwenze isandi esikhulu, nanjengoko abafundi abangamashumi amabini, kunye namalungu oluntu angamashumi amabini beye baxhamla kwezinkonzo zonakekelo lwamehlo eMzimkhulu.

Xa sijonga kwinkqubo yethu notshintsho, omnye woomasipala bethu basekuhlaleni, obusaziwa ngo-Ubuhlebezwe, utshintshe igama, ngoku sele usaziwa njengoMasipala waseKuhlaleni iJohannes Phumani Phungula (JPP). Olu tshintsho lubonakalisa isiqendu esitsha kuhambo lwethu lokulungisa ukulingana kwemvelaphi kunye nendyebo yesintu.

Xa sihlabela mgama, sizakuhlala sizibophelele kuxanduva lwethu lokuhlinzeka ngeenkonzo zethu ezibalulekileyo zamanzi nogutyulo lwelindle, ukukhuthaza uphuhliso lwezoqoqosho, nokuphucula izinga lobomi babahlali bethu. Kungoko sizingca ukwamkela umphathi wethu omtsha omkhulu kwiinkonzo zoluntu, uNkszn. Thobeka Mahlaba, oza nezakhono ezibalulekileyo kunye namava kwiqela lethu. Ukuqeshwa kwakhe kuzakwengeza ilinge lokwandisa uphuhliso loluntu kwisiThili.

Ndithanda ukwenza umbulelo kwibhunga lomasipala, abaphathi, kunye nabahlawuli beenkonzo zikamasipala ngeenzame zabo ukubhexesha impumelelo yomasipala wethu. Sisonke, sizakuqhubeka sisebenzela ukufezekisa umbono woMasipala wesiThili iHarry Gwala, oqaqambileyo nophumelelayo.
Ndiyabulela.

**UMnu G. M. Sineke**
**UMphathi kaMasipala**

## ABAPHATHI ABAKHULU



**UMNU UKHULANI MTHEMBENI BRIAN MZIMELA**
IMANEJALA KAMASIPALA KWICANDELO LEZEZIMALI



**UMNU UNKULULEKO BIYASE**
IMANEJALA KAMASIPALA IINKONZO ZEZAKHIWO



**UNKK UTHOBILE THELMA THIYANE-MAGAQA**
IMANEJALA KAMASIPALA KWICANDELO LEZEMISEBENZI



**UMNU ULINDUMUSA GWALA**
MLAWULI: IINKONZO ZAMANZI



**NKSZ. UTHOBEKA MAHLABA**
IMANEJALA KAMASIPALA KWINKONZO ZENTLALO



# AMACEBO OLAWULO NOKUSEBENZA KWEMITHOMBO YAMANZI

**UKULONDOLOZWA KWAMANZI**

Amanzi afuna ukulawulwa nokukhuselwa ngononophelo ngenxa yokuba ethe-ethe kwawo kusetyenziso olweqileyo kunye nakungcoliseko. Oku sele kusenzeka apha eMzantsi Afrika, kwaye ngokwengcazelo yeManyano Yamazwe, uMzantsi Afrika sele ukwingcindezelo yamanzi, kwaye kungekudala amanzi azakungqongophala.

Ukulondolozwa kwamanzi kubalulekile ukuqinisekisa ukuhanjiswa kwamanzi athembakeleyo nacocekileyo okusela, ugutyulo lwelindle kunye nakwezolimo. Ukusetyenziswa kweendlela zokulondolozwa kwamanzi kuncedisa ukukhusela amanzi kungcoliseko, nokuqinisekisa ukuba wonke umntu ufumana amanzi akhuselekileyo nacocekileyo. Ukulondoloza amanzi kubalulekile ukuze kunciphe ulwamvila lwembalela nokunqongophala kwamanzi. Ngokunciphiza ukusetyenziswa kwamanzi, singakwazi ukulawula imithombo yamanzi anqongopheleyo ngexesha lokunqaba kweemvula, nokuqinisekisa ukufezekiswa kwezidingo.

Xa uzikhathaza ngokuphila ubomi obulula nobufikelelekayo, unganomdla wokujonga iindlela zokulondoloza amanzi imihla ngemihla. Oku kungadinga ukuba wenze iinguquko ezincinane kwindlela ophila ngayo imihla ngemihla. Zininzi iindlela ezilula ongenza ngazo ukulondoloza amanzi ekhaya.

Nazi iindlela ezintlanu ezisebenza kakhulu ukulondoloza amanzi:

- Ukuziqhelisa ukukhongozela amanzi emvula,
- Ukulungisa apho kuvuza khona amanzi,
- Ukufakela izixhobo ezilawula ukuhamba kwamanzi,
- Ukutyala izityalo ngendlela ezakunciphisa uchitho lwamanzi,
- Ukulima ngendlela eyonga amanzi.

Ezi ndlela zingasetyenziswa ekhaya kunye nakwiindawo ezinkulu, ezinjenge zakhiwo zezolimo nezemveliso zezolimo.

**UKUKHONGOZELA AMANZI EMVULA:**

Ukukhongozela amanzi yenye yeendlela zokufumana amanzi. Oku kwenzeka xa ukhongozela amanzi emvula ebezakuchitheka ahambe nje, uwagcine ematankini. Oku kwenzeka ngokuthi ufakele imibhobho ezakuwasusa phezu kophahla lwendlu iwakhongozelele ematankini apho ezakugcineka khona. Amanzi emvula ungawagcina nokuba kuphi isithuba esingangeveki okanye unaphakade. Oku kodwa kuxhomekeka ukuba uwakhathalele kanganani amatanki akho, usebenzisa izixhobo ezinjani, kwaye uwakhusela kanjani amanzi kwiingcongconi neengubo zamasele.

Kubalulekile ukukhongozela amanzi kubahlali emakhaya, nanjengoko kulinyathelo elibalulekileyo lokunciphisa ukuxhomekeka kumanzi angaphantsi komhlaba kunye nakweminye imithombo yamanzi.

**UKULUNGISA APHO KUVUZA KHONA AMANZI NEZIXHOBO ZAMANZI EZIVUZAYO:**

I-Faucet sisixhobo esivulwayo sivalwe ukuze kuphume amanzi okanye ayeke ukuphuma. Akungompompi kuphela apho kuphuma khona amanzi, koko zizixhobo zonke ezifakelwayo ezilawula ukuhamba kwamanzi. Ukuvuza kwesisixhobo okanye kwendlu yangasese kungachitha amanzi amaninzi ngokuhamba kwexesha. Ukulungisa ngokukhawuleza ezingxaki, ngokuqinisa apho kukhululeke khona, okanye ukufakela isixhobo esitsha kweso esonakeleyo, yindlela elula kodwa esebenzayo yokulondoloza amanzi. Ukulungisa apho kuvuza khona kukhusela umonakalo kwakho, kunciphisa imali yentlawulo yamanzi, kwaye kunceda ukukhusela imithombo yamanzi. Ukulungisa iindawo ezivuzayo kunceda ukuqinisekisa ukuba kusetyenziswa amanzi ngendlela efanelekileyo.

**UKUFAKELA IZIXHOBO EZILAWULA UKUHAMBA KWAMANZI:**

Ukufakela izixhobo ezilawula ukuhamba kwamanzi yindlela entle yokulondoloza amanzi, ukonga imali kwiintlawulo, kunye nokunciphisa ima yokusingqongileyo. I-HGDM ikhuthaza abaxhamli bayo kunye noluntu ngokubanzi ukuba bonyusele izinga lezindlu zangasese ezilondoloza amanzi, iintloko zee-shower, kunye nezixhobo ezihambisa amanzi. Iintloko zee-shower ezikhupha amanzi kancinane zenzelwe ukusebenzisa amanzi amancinane kuneziqhelekileyo, nangona ziwakhupha ngendlela efanelekileyo. Ii-toilet ezinezigungxuli ezimbini zikhupha amanzi angafaniyo xa uhambisa izinto ezimanzi naxa uhambisa izinto eziqinileyo, kwaye oku kuncedisa ukulondoloza amanzi. Izixhobo ezilawula ukuhamba kwamanzi zenzelwe ukunciphisa ukusetyenziswa kwamanzi ngaphandle kokuphazamisana nendlela amanzi awasebenza ngayo.

**UKUTYALA IZITYALO NGENDLELA EZAKUNCIPHISA UCHITHO LWAMANZI:**


Ukutyala izityalo ngendlela enciphisa uchitho lwamanzi yindlela yokulondoloza amanzi ngenxa yendlela otyala ngayo. Iquka ukutyala kwindawo enye izityalo ezikwazi ukumelana nembalela, ukutyala ndawonye izityalo ngokwezidingo zazo zamanzi, ukuphucula umhlaba ukuze ukwazi ukugcina ukufuma, kwanokusebenzisa indlela yokunkcenkceshela efana nokunkcenkceshela ngamaqabaza. Le ndlela inciphisa inkcitho yamanzi, inciphisa unakekelo kwaye yenza igadi entle nekulula ukusebenza kuyo. IHGDM ibongoza wonke umntu ukuba akhethe izityalo ezikwazi ukumelana nembalela, kunye nemithi edinga amanzi amancinane.

**UKULIMA NGENDLELA EYONGA AMANZI:**

Ukulima ngendlela eyonga amanzi akusebenzi kuphela kwiindawo ezomileyo, kwaye akuxeli ukuba umntu makalime izityalo zamandulo kuphela. Oku kuthetha ukuba umntu makakhethe izityalo ezidinga amanzi ngokwamaxesha eemvula, kunye nezityalo ezikwazi ukumelana nembalela. Oku kunciphisa isidingo sokunkcenkceshela izityalo/imifino. Ukulima ngendlela eyonga amanzi kuyabasebenzela abantu abafuna ukulondoloza amanzi, kwaye bachithe ixesha elincinane benakekela igadi. Ukulima ngendlela eyonga amanzi kunciphisa inkcitho yamanzi ngelixa kugcina ubuhle begadi neentlobo ezohlukeneyo zezityalo zendalo. Uluntu lwase HGDM luyacelwa ukuba lunkcenkceshele iigadi ngamaxesha apholileyo osuku ukunciphisa ukulahleka kokufuma. Sebenzisa uhlobo lokunkcenkceshela ngamachaphaza ukuze amanzi aye ngqo kwiingcambu zezityalo, nokunqanda ukubaleka kwamanzi.

***QAPHELA:*** **Ukulondoloza amanzi kukhuthaza indlela efikelelekayo yokufunda ulawulo lwamanzi, nokubalulekileyo ukuze imithombo yamanzi ihlale ixesha elide. Ngokulandela iindlela zokulondoloza amanzi, singenza ikamva elihle lethuba elide lokufumana amanzi. Ulawulo lwamanzi ayikokulondoloza amanzi kuphela, koko kukukhusela umhlaba wethu, ukuqinisekisa impilo entle nokwakha ikamva eliqaqambileyo kumntu wonke.**

## IZIKO LEMINXEBA LIKAMASIPALA



Eli liziko elisebenza iiyure ezingama24 ngosuku, iintsuku ezisixhenxe ngeveki, kulapho kubikwa khona iingxaki zamanzi, ugutyulo lwelindle, intengiso, ukuphazamiseka okucetyiweyo nokungacetywanga kwamanzi, imibhobho egqabhukileyo, izitamkoko ezivuzayo kunye nezikali-manzi ezonakeleyo. Injongo yeliziko leminxeba kukubhala nokusabela izikhalazo zabaxhamli ngokoyamene neenkonzo zikamasipala, ukuqinisekisa ukuba izikhalazo ezingumyinge wama70% ezifunyenweyo zisonjululwa zisaxelwe kanye.

Eli ziko leminxeba lenzelwe abaxhamli/abahlali abakhetha ukunxibelelana nomasipala ngomnxeba, amanye amaziko wona enzelwe abaxhamli/abahlali abakhetha ukudibana ubuso ngobuso nabasebenzi bomasipala, ukuze baxoxe ngaloo ngxaki abanayo. Ikhasi lonxibelelwano iFacebook lona lenzelwe abaxhamli/abahlali abakhetha ukuxibelelana nomasipala besebenzisa amaqonga ezonxibelelwano oluntu.

**Usibika kanjani isikhalazo?**

- Uhlobo lwesikhalazo
- Igama lakho nefani
- Inombolo ofumaneka kuyo
- Idilesi yesitalato, kuquka ilokishi, idolophu okanye ilali
- Xa unakho ungafaka nomfanekiso

Ngokufanayo naxa ubika ezi ngxaki ngomnxeba, isikhalazo sakho kuWhastApp okanye isicelo seenkonzo sizakufakwa kuluhlu lolawulo lwezikhalazo, uze uthunyelelwe inombolo yesikhalazo ngomyalezo emnxebeni wakho. Le nombolo yesikhalazo ingasetyenziswa xa ulandela ukungafumani isombululo sengxaki okanye sesikhalazo sakho.

Inombolo kaWhatsApp ithi: **0605706193**, okanye ungasebenzisa inombolo yeziko lezeminxeba engu: **0860106351**, okanye uthumbele i-email ku: **customercare@harrygwaladm.gov.za**.



# INTLANGANISO EVULELEKILEYO YEBHUNGA LOMASIPALA WESITHILI IHARRY GWALA YAMA2025 NOHLAHLO LWABIWO MALI

**URichard Mkhungo uncome usodolophu Nxumalo ngengxelo yakhe yohlahlo lwabiwo mali edibanise ibhunga.**

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala uthe thaca uhlahlo lwabiwo mali lonyaka-mali wama2025/2026 ngaphandle kwamakhwiniba.

Le ntlanganiso evulelekileyo yebhunga yokuthi thaca uhlahlo mali ibibanjelwe kwilalil iMfundweni ngaphantsi koMasipala waseKuhlaleni Umzimkhulu.

Oku kuhambisana namandla nemisebenzi yebhunga, ukubambela iintlanganiso zalo nabantu kwiindawo ezohlukeneyo.

USodolophu woMasipala, uceba Z. D. Nxumalo, osingathe le ntlanganiso ngempumelelo, akonwabisanga kuphela abahlali kunye nabahlawuli beenkonzo zikamasipala, kodwa nosekela mphathiswa wezokhuselo namagqala omkhosi, uRichard Mkhungo, oncome umanyano olubonakaliswe ngooceba, bengakhethani ukuba balandela owuphi umbutho wezopolitiko, xa bekusothulwa oluhlahlo mali.

Ukuchaze oku njengombono omnye kunye nokuzibophelela okungagungqiyo ukuphucula iimpilo zoluntu, ukuzinikezela kunye nokusebenzisana kuphuhliso. Uvuyiswe nabubukho baMakhosi, abaphathi boomasipla, abahlonipheki kunye nabahlawuli beenkonzo kumaqonga ohlukeneyo, abathabathe inxaxheba ngamandla kule ntlanganiso yebhunga, ngokoyamene neenkqubo zikamasipala, nokukhuthaza ukuzibandakanya koluntu.

Usodolophu Nxumalo, esenza intetho yakhe, uthe: “Kuliwonga nochulumanco kum ukuthi thaca uhlahlo mali lokugqibela lonyaka-mali wama2025/2026.
















> ***Ngaphandle kokufumana amanzi acocekileyo, oomama bethu, ootata bethu kunye nolutsha ngeke babenaso isidima. Njengolawulo lweenkonzo zamanzi, uxanduva lwethu olungundoqo kukuqinisekisa ukuba ikhaya ngalinye, izikolo kunye namashishini afumana amanzi akhuselekileyo nacocekileyo.***

Olu hlahlo mali alenziwanga ngasese, koko lenziwe ngeengxoxo eziqhubekayo, ukuzinikezela nankwinkolelo kwiinkonzo, ukwethembeka nophuhliso, kwakunye nemithetho yeempendulo, i-IDP kunye neminye imiqulu yamacebo ehambisana nalo, kwakunye nemithetho kamasipala.”

Usodolophu uqhubeke wathi, uhlahlo mali lwama2025/2026 lufike ngelixa isiThili sijamelene nemiceli mngeni emibini, isidingo esikhulayo sokuhanjiswa kweenkonzo okuphucukileyo kweli cala, kunye nokunqongophala kwemali kwezoqoqosho kwelinye icala. Naxa kunjalo, ngokukhokhelwa yimithetho yomakulinganwe, ukunyamezela nokungabina mfihlo,









kutsho usodolophu, isiThili sithe thaca uhlalo mali oluhambisana nemiceli mngeni yasezilalini ezifumaneka kule ngingqi, ngelixa isenza umgangatho ozakuqhuba ixesha elide.

Olu hlahlo mali luza emva kokothulwa kwengxelo yobume belizwe, ingxelo yobume bephondo kunye nengxelo yohlahlo lwabiwo mali yelizwe, apho umongameli Cyril Ramaphosa, kunye nomphathiswa wezezimali uMnu. Enoch Godongwana, ngokushiyana kwabo, beveze imiceli mngeni ejamelene noMzantsi Afrika.

Ezoqoqosho zoMzantsi Afrika zikwimo enzima, nezibonakala ngokukhula kancinane kunye nemiceli mngeni emithathu yokungalingani, intswela ngqesho kunye nendlala, kutsho uceba Nxumalo. Uqhube wathi, ngalo mxhelo mnye, kuyabonakala ukuphucuka okuncinane nanjengoko kulindeleke ukukhula okungephi, nanjengoko kulindeleke ukuba ukwehla nokwenyuka kuzinze, nokuzakwenza ngcono kokulindeleke eReserve Bank.

"Amanzi nogutyulo lwelindle lolona xanduva nempilo yesiThili. IsiThili sinabantu abangama-510 865, abasetyhini bangumyinge wama53% (271 284). Olu hlahlo lwabiwo mali, oluzizigidi ezingama-R296 luzakuphucula ubomi boluntu lwethu lonke. Ngaphandle kokufumana amanzi acocekileyo, oomama bethu, ootata bethu kunye nolutsha ngeke babenaso isidima. Njengolawulo lweenkonzo zamanzi, uxanduva lwethu olungundoqo kukuqinisekisa ukuba ikhaya ngalinye, izikolo kunye namashishini afumana amanzi akhuselekileyo nacocekileyo. Sibekele bucala inkxaso mali ukuze kwembiwe ze kuxhotyiswe imithombo etsala amanzi ngaphantsi komhlaba kwiiwadi ezidingayo, siphucule imizila yemibhobho emidala nevuzayo," kutsho usodolophu Nxumalo.

Ukwathe: "Kunyaka mali wama2025/2026, umasipala ubekele bucala izigidi ezingamaR239 kwinkxaso yezakhiwo zikamasipala. Umasipala ukwabeke imali engaphaya komyinge oli15%, izigidi ezingama-R37.6 ezakusabela imiceli mngeni yezakhiwo ezindala, ngokwemisebenzi, unakekelo kunye nolawulo lwempahla. Izigidi ezingama-R41.4 zizakuthatyathwa kwinkxaso yangaphakathi ukuze kunakekelwe amaziko esinawo awamanzi nogutyulo lwelindle kwisiThili sonke."



UMasipala wesiThili iHarry Gwala uzakuzama ukugqibezela iiprojeckthi zawo zeminyaka. Uhlahlo mali lokugqibela lwama2025/26 lomasipala luzizigidi ezingama-R992.8. Imali kamasipala iyonke yonyuke ngomyinge we4%, izigidi ezingamaR35.9 kunyaka mali wama2025/2026, xa iqhathaniswa nengeniso yama2024/2025. Kunyaka mali wama2026/2027 ingeniso yonyuke ngomyinge we7%, kunyaka mali wama2027/2028 ingeniso yonyuke ngomyinge we5%, okubonakalisa ukukhula kwengeniso okuzizigidi ezingama-R121.9 kwi MTREF," kutsho usodolophu Nxumalo kwintlanganiso evulelekileyo yebhunga.









**Bekulusuku lwemincili kulutsha lwaseHarry Gwala ngethuba lufumana inkxaso yamashishini alo kwimibhiyozo yolutsha ebibanjelwe eSoweto Hall e-Ixopo.**

# UCHULUMANCO NGETHUBA ULUTSHA OLUNGASEBENZI LUFUMANA INKXASO KWISITHILI IHARRY GWALA

NJENGENXALENYE yokubhiyozela iNyanga yoLutsha, uMasipala wesiThili iHarry Gwala udibanise abantu abatsha ngomhla wama26 kweYeSilimela 2025, kumsitho obizwa ngeNkqubo yokuBhiyozela uLutsha, nebibanjelwe eSoweto Hall e-Ixopo.

Lo msitho ubuzimaswe nguSomlomo weNdlu yoWisomthetho KwaZulu-Natal, uNkszn. Nontembeko Boyce. Kuqalwe ngentlanganiso kwii-ofisi zesiThili iHarry Gwala, apho uSodolophu wesiThili, uceba Zamo Nxumalo, eye wamkela uBoyce, kunye nabanye ooSodolophu kunye nabaphathi abakhulu bomasipala.

Injongo yale nkqubo ibikukuphuhlisa amashishini olutsha ngeendlela ezohlukeneyo zenkxaso, kugxilwe kakhulu kwizithwalandwe ezingekafumani misebenzi, nokuxoxa ngemiba echaphazela abantu abatsha kunye nenkululeko yabo.

Umasipala wesiThili, ubambisene nengalo yawo yophuhliso – i-Arhente yoPhuhliso yaseHarry Gwala (HGDA), i-Arhente yoPhuhliso yoLutsha kaZwelonke (NYDA), iKomishoni yoKhetho eZimeleyo (IEC), kunye nabanye abahlawuli beenkonzo zikamasipala – baqinisekise impumelelo yalo msitho.

Ulutsha lwasekuhlaleni lufumene inkxaso ebalulekileyo ukuxhasa amashishini alo akhasayo, nabo abaneenkampani baye banikwa iziqinisekisi zokuphothula, emva kokufumana uqeqesho oluquka ukulungiswa koonomyayi.

Injongo yolu suku ibiquka, uphuhliso loosomashishini abatsha ngokubaxhobisa ngolwazi, ukuba xhumanisa namanye amashishini, nokubavulela amathuba okukhulisa amashishini abo. Ibikwagxile ekukhangeleni iindlela ezintsha zokuncedisa abo abaqalayo ngokubafundisa indlela, nokufumana iindlela ezibalulekileyo zamathuba ezoqoqosho.

USomlomo weNdlu yoWisomthetho KwaZulu-Natal, ukhuthaze abantu abatsha ukuba basukume bathabathele kubo ikamva labo, egxininisa kumathuba oshishino akhoyo kurhulumente nekufanele bawasebenzise ngokuphelelelyo.

Balishumi nanye abantu abatsha abaxhamle kuphuhliso lwezakhono zobuxhakaxhaka, ngakumbi ukulungiswa koonomyayi kunye neeTablet (Technical Skills Level 4). Aba bantu abatsha baxhotyiswe ngumasipala ngezixhobo nemali zokuqala umsebenzi wokulungisa oonomyayi.



# ULUNTU LWASEBUTATENI LUFUMANA AMANZI ACOCEKILEYO













**Bavuselelekile abahlali basEbutateni ngokufumana umthombo otsala amanzi ngaphantsi komhlaba.**

NGOMHLA wesine kweYeSilimela 2025, isiThili iHarry Gwala sibhiyozele impumelelo yomthombo otsala amanzi ngaphantsi komhlaba, nozakunceda iilali zaseButateni kwawadi 05, ngaphantsi koMasipala waseKuhlaleni iJohannes Phumani Phungula ngaphantsi kwesiThili iHarry Gwala.

Ngomhla weshumi nane kweYoMdumba 2025, abalawuli bebhodi iMsinsi Holdings, Inkosi Mkhize webhunga lamaKhosi Embo, iiNduna kunye neenkokheli zesiThili iHarry Gwala, zinikezele ngokusesikweni ngalo mthombo kwiindawo ezohlukeneyo. Oku kwenzeke ngokubambisana kolawulo lwasemakhaya, iinkokheli zemveli kunye namaqumrhu abucala.

Kwizigaba zokugqibela zale projekthi, uNkz. Mbali Ndlovu, ongumphathi olawulayo weMsinsi Holdings, wenze ingxelo emfutshane kuluntu, eluqinisekisa ukuba iprojekthi sele iphelile kwaye bazakuwubiyela ngocingo lo mthombo ukuze ukhuseleke namanzi angaphuphumi. Udandalazise nokuba ukubiywa kwalo mthombo kuxhaswe yiMsinsi Holdings kwaye bayanikela ngako nanjengoko kungakhange kufunwe nokhontilakhi ozakwenza oko.

Le projekthi izakunceda uluntu lweelali zesiThili iHarry Gwala nanjengoko umasipala uqhubeka neenzame zokuphucula iinkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle. Iinjongo zawo kukugqiba imiceli mngeni yamanzi echaphazela iimpilo zoluntu. Abathunywa abandilisekileyo, abaquka, uceba Sibongiseni Mdunge, ongusomlomo woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Simphiwe Bekwa, olilungu le-Exco kunye neenkokheli zesiThili iHarry Gwala, kunye noNkosi Mkhize, usekela sodolophu uceba Z. L. Miya womasipala iJPP, babhiyoze kunye nabahlali, baze babongoza abahlali baseButateni ukuba bakhusele lo mthombo wabo kwaye bawusebenzise ngendlela elungileyo.

Uceba Mdunge ubongoze abahlali ukuba baqinisekise ukuba bagcina isakhiwo salo mthombo sikhuselekile. “Esi sakhiwo sesoluntu. Kungoko kufanele sikhuselwe luluntu. Asilindelanga ukubona ucingo lusonakaliswa. Luxanduva lwenu ukuqinisekisa ukuba uhlala ukhuselekile,” utshilo uceba Mdunge.







# UMASIPALA WESITHILI IHARRY GWALA USINGATHA IINGXOXO ZEKOTA ZABEZONXIBELELWANO BESITHILI



**UMnu. N. S. Tenza (ekhohlo) exhaswe ngusekela sodolophu uceba Nosisa Jojozi kwintlanganiso yeengxoxo zemiba yolawulo lwasemakhaya, nokuqinisa ukubudlelwane namasebe karhulumente.**

> ***nanjengoko bekwicandelo lolawulo lwezopolitiko, bengabaphathi bezopolitiko baxhomekeke kakhulu kwabezonxibelelwano, ukumela umsebenzi wabo neliziko, ngomsebenzi owenziwa ngabezonxibelelwano.***

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala usingathe iingxoxo zekota zabezonxibelelwano besiThili (DCF), ngomhla wama24 kweyeSilimela 2025. Le ntlanganiso idibanise abezonxibelelwano koomasipala basekuhlaleni, abaxhasi, kunye nabaphathi besiThili, ukuxoxa ngemiba enomdla kubo bonke abezonxibelelwano, ukuqinisekisa ukuba bahambisana nonxantathu wolawulo.

Usekela sodolophu, uceba Nosisa Jojozi, ubonge wonke amalungu (engxoxo zabezonxibelelwano besiThili) e-DCF ngesimemo, wagxininisa ukubaluleka konxibelelwano emsebenzini wabo.

Uthe, nanjengoko bekwicandelo lolawulo lwezopolitiko, bengabaphathi bezopolitiko baxhomekeke kakhulu kwabezonxibelelwano, ukumela umsebenzi wabo neliziko, ngomsebenzi owenziwa ngabezonxibelelwano. Usekela sodolophu ubongoze abezonxibelelwano ukuba banike uluntu ingxelo eziyinyani ngalo lonke ixesha, ngakumbi xa bebhala okuthethwe ziinkokheli zezopolitiko. Usekela sodolophu, uceba Nosisa Jojozi, uthethe nangokubaluleka kokubonakala kwe-flag yeloMzantsi Afrika, ebongoza bonke abezonxibelelwano ukuncedisa ngokubuyisela uthando lwe-flag yeloMzantsi Afrika kuluntu nakubahlali. Ukuzinikezela koMasipala wesiThili iHarry Gwala ukusingatha iingxoxo zabezonxibelelwano besiThili (DCF), kubonakalisa ukuzimisela kunxibelelwano olusulungekileyo kunye nokubandakanywa koluntu.






# IHARRY GWALA "IVALA ISIKHEWU ESISISIGIDI SONYANGO LWE-HIV"

**Isikhokhelo sesiThili iHarry Gwala kwiinjongo zokuvala iintloni ze-HIV/Aids, iziguli zikhuthazwa ukusela amachiza azo.**











USODOLOPHU wesiThili iHarry Gwala, uceba Z. D. Nxumalo uthabathele ukuye ukukhokhela ngaphambili ukukhuthaza uluntu ukuhlolela i-HIV/Aids, nokusela amachiza abo kakuhle.

Oku, kuhambisana nenkqubo karhulumente yesilumkiso sokukhuthaza abantu abanesifo se-HIV/Aids, ukuba basele amachiza abo kwaye balandele iziyalo zokuthintela esi sifo ukuba sibulale amajoni omzimba, nokungakhokhelela ekufeni.

Uceba Nxumalo uthethe nabahlali kwinkqubo yesilumkiso yesiThili iHarry Gwala eDonnybrook, ngaphantsi koMasipala iDr. Nkozasana Dlamini-Zuma eJunction Hall.

Le holo ibigcwele ime ngeembambo, ngabaxhasi nabasebenzi bomasipala, abazincame kwingqele eqhaqhazelisa amazinyo ukuze babe yinxalenye yale nkqubo.

Oku yinxalenye yokuphumelela nokuqhuba inkqubo karhulumente yokuqinisekisa ukuba kufikelelwa kubantu abangaphaya kwesigidi, bakhuthazwe ukuba bangayeki ukusela amachiza abo e-HIV.

Le nkqubo, enomxholo othi: "SIVALA ISIKHEWU ESISISIGIDI SONYANGO LWE-HIV" iza emva kwengxelo ezikhutshiweyo, nezichaza ukuba kukhona isikhewu sabantu abangaphaya kwesigidi abane-HIV eMzantsi Afrika abangawaseliyo amachiza abo.

Le, yinkqubo kwazwelonke, esuke kwiphondo yaya kwisiThili, kodwa igxile kakhulu kwisithili esinenani eliphezulu labantu abangawaseli amachiza abo.

IsiThili saseHarry Gwala sichongwe njengesinye sezithili eziphala phambili kwiphondo iKwaZulu-Natal kule nyewe.

Usodolophu wesiThili seHarry Gwala uthe, kubalulekile ukuba abantu bazihlole rhoqo, basazi isimo sempilo yabo, ukuze bazazi kwangoko izifo ezibaphetheyo, kunoku fumanisa ixesha sele lihambile ngazo.

"Oku kunceda umntu ukuba akhawuleze afune uncedo ukuze aphucule impilo yakhe, okanye olaphe isifo sakhe kungade kuhambe ixesha..." utshilo uceba Nxumalo.

Uthe abantu mabasebenzise amaziko ezempilo karhulumente, xa bengalufumani uncedo balandele amanyathelo okwenza ingxelo yokungahoywa, ngoba la maziko okhelwe ukusindisa iimpilo zoluntu.

Ukwathe: "Ukwazi isimo sempilo yakho akuncedi wena wedwa, koko kukhusela abanye abantu abakungqongileyo kunye nosapho lwakho." Uceba Nxumalo uthe, iintloni ezazihamba ne-HIV/Aids yinto endala ngoba esi sifo asibulali njengezinye izifo, xa umntu ethatha amachiza kuselithuba.




# KUVULWE NGOKUSESIKWENI UMASIPALA I-JOHANNES PHUMANI PHUNGULA LOCAL MUNICIPALITY














**Umasipala ubusaziwa ngo-uBuhlebezwe usungule ngokusemthethweni igama lawo elitsha iJohannes Phumani Phungula Local Municipality.**

UMASIPALA waseKuhlaleni iJohannes Phumani Phungula waziswe ngokusesikweni ngomhla wama27 kuCanzibe 2025, kuhlonitshwa igqala lomzabalazo uJohanes Phumani "Pass 4" Phungula. Lo masipala, nowawusaziwa ngoMasipala uBuhlebezwe, utshintshe igama lawo ngokusemthethweni, okuquka ukubandakanya uluntu kunye nokufumana imvume kwibhunga likamasipala namalungu oluntu.

Usaziwayo kwezopolitiko eMzantsi Afrika nowayesakuba ligqala lomzabalazo elalimele iqela lezopolitiko i-African National Congress (ANC), kwintlanganiso kazwelonke ukusuka ngowama2004 ukuya kowama2009. Wayeligqala lomgushuzo woqhankqalazo kwaye wazibandakanya neqela le-ANC ngo1952.

Usodolophu, uceba Zamo Nxumalo, ukhokhele iinkokheli zoMasipala wesiThili iHarry Gwala ukukhumbula uPhungula, esithi uPass 4 wayengumntu ohloniphayo kwaye esoloko elibamba ixesha. "Ndicela siqhubeke nokugcina lo moya ofanayo, siqhubeke sokhe ilifa eliqinile," kutsho usodolophu Nxumalo.

Uceba Elizabeth Bathobile Ngubo, ongusodolophu womasipala iPhumani Phungula, ugxininise ukubaluleka kokuhlonipha ilifa likaPhungula ngethuba kuqhuba lo msitho wokutshintsha igama.

Ukutshintshwa kwegama lalo masipala kubhalwe kumqulu woRhulumunte Wobambiswano neMicimbi yeMveli KwaZulu-Natal. Le nkqubo ibiquka iingxoxo noluntu kunye nokuqokelelwa kweziniki maxabiso kuluntu nakwabo abonomdla.

UPhungula wayesaziwa ngentlonipho, ukugcina ixesha, nokuzinikezela ukulwela inkululeko. Wawongwa ngembasa i-Order of Luthuli in Gold, sele engasekho kweYoMnga 2009, ngegalelo lakhe kwidabi lenkululeko nokulwa nokungalingani. Igalelo lakhe lisikhuthaza ukuqhubeka nokwakha uluntu olunamandla nolungenamkhethe.

# UMASIPALA WASEKUHLALENI IJOHANNES PHUMANI PHUNGULA (ULM)




**UMZOBO WENGCAZELO**

UMasipala waseKuhlaleni iJohannes Phumani Phungula ngumasipala ozinze endaweni entle, kumazantsi ephondo iKwaZulu-Natal, phakathi kwedolophu yaseMgungundlovu, iKokstad nephondo leMpuma Koloni. Isihlalo seBhunga lesiThili iHarry Gwala sikwidolophu i-Ixopo, ezinze kumgama oziikhilomitha ezingama 85 emazantsi edolophu yaseMgungundlovu, ikomkhulu lephondo iKwaZulu-Natal.

Lo Masipala ufumaneka ekudibaneni kwemigwaqo emibini kazwelonke: uR56 kunye noR612. Ixopo yenza iqhuma elikhulu lophuhliso laloMasipala. Ukubaluleka kwe-Ixopo akunakujongelwa phantsi kuphuhliso lwezoqoqosho loluntu lwalendawo. Ixopo idlala indima ebalulekileyo kwiindawo ekunokwenziwa kuzo amashishini, ushishino, nezinye izinto zezoqoqosho. Yindawo enkulu yezemfundo nezempilo, kwaye incedisa kakhulu ukudibanisa iilali nemibono emitsha, nobuxhaka-xhaka. Ikwayindawo ebalulekileyo yomsebenzi wamasebe amaninzi kunye nabaniki beenkonzo. UMasipala waseKuhlaleni iJohannes Phumani Phungula (ULM) ngomnye woomasipala abane basekuhlaleni abenza uMasipala wesiThili iHarry Gwala (HGDM). I-JJP yaziwa ngeefama ezinkulu zezolimo, izityalo zendalo kunye nomhlaba wolawulo lwemveli. Iziko lolawulo lwaloMasipala yidolophu i-Ixopo. Ngaphandle kwedolophu yase-Ixopo, iindawo ezininzi zokuhlala e-JPP zindawo ezisezilalini. I-JPP inabantu abaqikelelwa kumawaka ali-118 346 (uhlolo loluntu, 2016), kwaye isibalo sabo sikhule saya kumawaka ali-133 032 (Isibalo, 2022). Aba bantu baphila kule ndawo kwaye uninzi luhlala kwiindawo ezisezilalini. Ababhexeshi abakhulu kwezoqoqosho e-JPP zezolimo, izembiwa, iimveliso, ezokwakha, iinkonzo, iinkonzo zoshishino kunye nezokhenketho. Kula macandelo, ezoqoqosho, ezolimo, iinkonzo zoshishino kunye neemveliso, zizo ezinegalelo elikhulu kwi-GDP yase-JPP okwangoku. Amacandelo anengeniso encinane kwi-GDP yase-JPP zizembiwa kunye neenkonzo.

Indawo ozinze kuyo uMasipala waseKuhlaleni iJohannes Phumani Phungula wenza lo Masipala afikeleleke lula kwaye axhumane nengingqi yezokhenketho kwinxweme elisemazantsi (South Coast) kwimpumalanga, namazantsi eDrakensberg entshonalanga, kungoko uMasipala ugxile kakhulu kwezokhenketho. Ukongeza, iJohannes Phumani Phungula izinze ekudibaneni kweendawo ezintathu ezidumileyo zokhenketho, ezizezi: amazantsi eDrankesberg, umbindi weNatali kunye nonxweme olusemazantsi e-UGU.




# IMIBONO YENYANGA YAMANINA

## (IINGXOXO NOLUNTU)

***Umbuzo:** Xa sibhiyozela iNyanga yaManina, ibaluleke ngantoni lenyanga kuwe? Yeyiphi imiceli mngeni emikhulu abajamelene nayo abasetyhini, kwaye yintoni engenziwa ukuphucula ubomi bamanina?*

**UNKSKZ. NOZI MVUSI WASE-IXOPO**



"Le nyanga sisikhumbuzo samaqhawekazi – oomama bethu – abalwela amalungelo ethu. Inyanga yeThupha lixesha lokuhlonipha ubugorha babo nokukhuthaza ukulingana. Ikwabonisa inkululeko yamanina, nokuwakhuthaza ukuba asukume azimele emva kweminyaka emininzi yokuphila ngaphantsi kwengcindezelo.

Njengomntu wasetyhini, ndithathe inyathelo lokuzimela, ndavula iB&B kunye nendawo ethengisa ukutya okuphekiweyo, ngenjongo yokuziphuhlisa, nokwenza ilifa losapho lwam. Kwilixa eligqithileyo, abantu basetyhini babelawulwa, benemisebenzi yabo kuphela kwaye behlawulwa imali encinane. Kodwa, iinkokheli ezifana noLillian Ngoyi nabanye, bayitshintsha loonto, kwaye imigushuzo yabo idlale indima enkulu kwiimpilo zethu. Namhlanje amanina ayakwazi ukuzimela, angoosomashishini, kwaye benza izinto ebezingafikeleleki kubo, ngelixa apho kwakunyanzelekile ukuba baxhomekeke emadodeni.

Nangona kwabakhona inkqubela phambili ngo1956, kusekhona iindawo apho amanina esajongelwa phantsi. Umzekelo, xa kunikwa abantu iiTender, kukhona umsantsa omkhulu. Ndicinga ukuba urhulumente kufuneka anike ingqwalasela yokuxhasa amanina angoosomashishini, nanjengoko singumqolo woluntu lwethu. Le nkxaso ingaquka iinkqubo ezifana nokunikezela ngamakhitshi angoomahamba nendlwana, ukuncedisa amashishini abasetyhini, inkxaso yemali, nokuqinisekisa ukuba abasetyhini bayaqeshwa kwizithuba zabaphathi emisebenzini."






**UBHEKANI KHUBONI WASE-FAIRVIEW**

"Ukukhusela abasetyhini ngumsebenzi obalulekileyo kwezothutho, nanjengoko kukhona oonqevu abaxhaphaza nokulimaza abasetyhini. Ndiye ndanceda intombazanyana eneminyaka eli15 ebikrwitshwa, ndazama ukufumana abazali bayo nanjengoko bendisoyikisela impilo yayo. Ndikholelwa ukuba kufanele sikhusele abasetyhini kwiindawo esihlala kuzo."

**UBONGEKILE CHILIZA WASE-OFAFA**

"Nanjengoko singamanina akumashishini okutya, ukuphaka nokuphekela uluntu kungumceli mngeni, nanjengoko sidinga iindawo kunye nezixhobo zokusincedisa. Sinqwenela ukuba urhulumente okhe iindawo esinokuphekela kwanokuqhubela amashishini ethu kuzo. Umceli mngeni esijamenele nawo kakhulu kukuxhatshazwa ngokwesini, kusekhona amanina asaxhatshazwa ngamaqabane awo. Sisebenza kwindawo engakhuselekanga, kwaye sihlala sixhalabile ukuba singahlaselwa ngamanye amaxesha."





**UKHANYISILE DLAMINI WASE FAIRVIEW**

"Asikhuselekanga emizini yethu nakwiindawo zokusebenza. Kuthethwa ngoomama namantombazana axhatshazwayo nabulawayo yonke imihla, sinqwenela ikamva eliqaqambileyo labantwana bethu, kodwa umhlaba akuseyondawo ekhuselekileyo kubantwana abangamantombazana, kwaye nenani lentswela-ngqesho liyenyuka."









**Ulawulo lwezentlekele luthobela ukhuseleko ngethuba uluntu lwesiThili seHarry Gwala luthwaxwa ziimeko eziyingozi.**

UMASIPALA wesiThili uqhubekile nokufumana izilumkiso zemozulu kwiiNkonzo zeMozulu zoMzantsi Afrika (SAWS). OoMasipala baseKuhlaleni kunye nabaxhasi beenkonzo bathe gqolo ukufumana izilumkiso zemozulu, kwaye amaqela olawulo lwezentlekele ahleli eme bume. Oku kwenziwa ukukhusela uluntu nanjengoko iimeko ezimbi zemozulu ziyingozi kubomi babantu, kwaye zingakhokhelela ekonakeleni kwezakhiwo kunye nezinye izinto ezoyamene nazo.

UMasipala wesiThili iHarry Gwala ufumene izehlakalo zemimoya ebhudla ngamandla, iimvula ezimandla kunye nokutsha kwezakhiwo, okuchaphazele bonke ooMasipala abane baseKuhlaleni. OoMasipala baseKuhlaleni abachaphazelekileyo ngabalandelayo: iDr Nkosazana Dlamini-Zuma, iGreater Kokstad, iJPP kunye no Masipala waseKuhlaleni uMzimkhulu. Iimvula ezina ngamandla, umoya obhudla ngamandla kunye nokutsha kwezakhiwo kukhokhelele ekonakaleni kwezindlu ezimbalwa, kwaze kwadilika zonke izindlu zodaka kumakhaya achaphazelekileyo ngenxa yeemvula ezina ngamandla. Ezinye izakhiwo zitshabalele ngokupheleleyo, ngelixa iimpahla ezibalulekileyo ziye zonakala kwamanye amakhaya, konakala nombane ngenxa yezehlakalo zemililo, ukuvalwa kweendlela kunye nekhephu.

Ukusukela kwinyanga kaTshazimpuzi, uCanzibe kunye neYeSilimela 2025, ngamakhaya aliwaka, amakhulu amathathu kunye namashumi amahlanu anantathu (1 353) achatshazelwe ziimvula ezina ngamandla, umoya obhudla ngamandla kunye nezehlo zekhephu, ngaphantsi kwesiThili iHarry Gwala. Kweli xesha kukhutshwe ingxelo yamakhaya angamakhulu asixhenxe namashumi amane anethoba (749) atshabaleleyo, aliwaka namashumi asibhozo anesixhenxe (1 087) afumene isiqingatha somonakalo, eshiya iintsapho ezingamakhulu amathathu neshumi elinesixhenxe (317) zingenandawo zokufihla intloko, kwaseleka abantu abathathu (3), kwaze kwalimala ababini (2).

Ngomhla we14 kuTshazimpuzi 2025, iiNkonzo zeMozulu zoMzantsi Afrika (SAWS) zikhuphe Isigaba 5 sesilumkiso semozulu embi, ukusukela ngentsimbi yokuqala ngomhla we15 kuTshazimpuzi ukuya kwintsimbi yeshumi nanye ngomhla we16 kuTshazimpuzi 2025. Injongo yesisilumkiso kukukhusela uluntu, nanjengoko imozulu embi iyingozi kwiimpilo zabantu, yonakalisa izakhiwo, kunye nezinye izehlo eziyingozi ezoyamene nayo. Ukusabela oku, iZiko loLawulo lweZentlekele kwiPhondo (PDMC) lisungule iZiko lokuSebenza leNtlanganisela kwiPhondo (JOC) ngentsimbi yesibhozo ngomhla we15 kuTshazimpuzi 2025. Kwaziswe oomasipala basekuhlaleni kunye nabaxhasi abafanelekileyo, aze amaqela oncedo olukhawulezileyo amiswa bume.

Ngenxa yezi zehlo, amakhaya amaninzi afumene ukonzakala, amanye alahlekelwe ngamaphahla ngokupheleleyo, iintsapho zashiyeka zingenakutya, iimpahla zokunxiba okanye iimpahla zendlu. Ngaphezu koko, izakhiwo ziye zachaphazeleka kakhulu. Ezinye izakhiwo zitshabalele, kwalahleka iimpahla ezibalulekileyo, kwaphazamiseka ukusebenza kwezikolo, iindlela, kwaphazamiseka nokusebenza kombane ngenxa yeemvula ezina ngamandla kunye nomoya obhudla ngamandla.

Ngamakhaya angamashumi amahlanu anambini (52) achaphazelekileyo, nalapho kutshabalele izakhiwo ezingamashumi amabini nesithandathu (26), awangamashumi amathathu nane (34) afumene isiqingatha somonakalo, abantu bathutha kumakhaya alishumi nesibhozo (18), kwachaphazeleka abantu abangamakhulu amabini namashumi amane anesithandathu (246). Ngexesha lokubikwa kwezehlo nokuhlolwa komonakalo, akubikwanga bantu abaswelekileyo okanye abalimeleyo kwelo xesha. Umasipala ufumene iingxelo zeengozi zendlela ezenzeke kuR56, R612 kunye noR617 ngaphantsi koMasipala wesiThili iHarry Gwala.

### ULAWULO LWENTLANGANISELA LWEZENTLEKELE NOKUNIKEZELWA KWEZIBHULI MLILO NOKHUSELEKO KUMLILO EZIQHUTYWE KWIKOTA YESINE

Iziko loLawulo lweZentlekele loMasipala wesiThili liqhube iinkqubo zezilumkiso zoluntu, zifundisa ngokuziqhelisa ukuzikhusela kwingozi kunye nokhuseleko kwimililo, kwanokuxhasa oomasipala basekuhlaleni namanye amasebe karhulumente. Ezinkqubo zokufundiswa koluntu zigxile kakhulu koomasipala, ezikolweni, kooceba beewadi kunye nabanye abaxhasi beentlekele. IsiThili sisebenze kunye noomasipala basekuhlaleni ukuqinisa intsebenziswano kunye nebhunga leemveli nabanye abaxhasi bezentlekele.

UMasipala wesiThili iHarry Gwala kunye noomasipala bawo basekuhlaleni baqhubekile bezibandakanya nokhuseleko kunye nongenelelo lolawulo lwezentlekele. Amaqela oMasipala wesiThili kunye nawooMasipala baseKuhlaleni ame bume ngalo lonke ixesha alungele ukusabela naluphi na uhlobo lwentlekele olunokuthi luvele, olunokukhokhelela kwilahleko yobomi nempahla kwisiThili.




# IHARRY GWALA ITHI HUNTSHU KUMDLALI WEBHOLA YOMNYAZI OMELE ISITHILI ENAMIBIA

**Umdlali webhola yomnyazi unconywa yiHarry Gwala.**

BEKUYIMIYIYIZANE nolonwabo ngethuba isikhokhelo somasipala sithi huntshu kumdlali webhola yomnyazi, nobemele uMasipala wesiThili iHarry Gwala kwenye yamazwe e-SADC eNamibia.

USinegugu Gamede, ongowaseKokstad, ubengoyena mdlali ophume phambili okhethwe ukuyomela isiThili eNamibia.

Wonke umntu kwisiThili sonke uyazingca ngalomfundi wesikolo iShayamoya Area High School. Ngethuba kusithiwa ndlela-ntle kulo mdlali, ukhatshwe ngeentsikelelo eziphuma kusomlomo webhunga leHarry Gwala, uceba Sibongiseni Mdunge.

Uceba Mdunge uncome ukuzimisela kwakhe kwibhola yomnyazi esithi: “Asilindelenga ukuba uye eNamibia kuphela, kodwa nakumazwe aphesheya kwezilwandle, uyophakamisa igama lesiThili saseHarry Gwala.”

“Eli lithuba elihle elingazukuvulela kuphela iminyango, kodwa lizakusenza sizingce ngokumelwa nguwe kumazwe angaphandle,” utshilo uceba Mdunge.

UGamede uhambe apha eMzantsi Afrika ngomhla wesihlanu ukuya koweshumi elinanye kweyeKhala, apho edlala khona emva.

UMasipala wesiThili iHarry Gwala ufake isandla kwezinye zezidingo zohambo lwakhe.






# INKQUBO YOKUFUNDISA NGEMPILO YOKUHLOLWA KWAMEHLO

**IHarry Gwala kunye neKZN Blind ityelela izikolo ngeenjongo zokuphucula izinga lempilo.**









UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala, ngokubambisana neQumrhu labangaboni laKwaZulu-Natal, usingathe inkqubo yokufundisa yezempilo kutshanje, egxile kuhlolo lwamehlo kubafundi abancinane kuMasipala waseKuhlaleni Umzimkhulu (eMakhosini), ngomhla wama23 kuCanzibe 2025.

Injongo yale nkqubo:

- Ukuhlolwa kwempilo kwamehlo ukubona iingxaki zokubona zisekwisigaba sokwelapheka
- Ukufundisa abafundi ngononopheli lwamehlo nezempilo
- Ukubazisa ngeendawo abanokuyo funa uncedo kuzo xa benengxaki yokubona

Iqumrhu labangaboni laKwaZulu-Natal linikezele ngezilonzi zamehlo ezingamashumi amabini kubafundi abancinane, kunye nezinye ezingamashumi amabini kubahlali.

Le nkqubo igxininise ukubaluleka kokubonwa kwangoko nokulungiswa kwengxaki yokubona, nokungaphucula kakhulu ukubaluleka kwimpilo yemihla ngemihla. Izikolo ezimbini eziye zaxhamla kule nkqubo yokuhlolwa kwamehlo zezi:



1. Vumazonke Secondary School
2. DRC Junior Secondary School

UMasipala wesiThili iHarry Gwala ubonakalise ukuzinikezela kwawo kubafundi abancinane ngokuphucula impilo entle kuluntu lwawo.






# I-ENVIRONMENTAL & WASTE INDABA: "INKUNKUMA YIMALI"











**Abaxhasi abohlukeneyo bedibene ukuxoxa ngemiceli mngeni yolawulo lwenkunkuma, nokwenza isilumkiso sokusingqongileyo okungakhuselekanga.**

UMASIPALA waseKuhlaleni UMzimkhulu uthabathe inyathelo lobugorha kuphuhliso ngokusungula i-2025 Environmental Waste Indaba, nebibanjwe ngomhla weshumi elinanye kuCanzibe 2025, e-Umzimkhulu Esayidi TVET College. Lo msitho obalulekileyo, ubuxhaswe nguMasipala wesiThili iHarry Gwala (HGDM), uPhuhliso lwezoQoqosho, uKukhenketha nemiCimbi yoKusingqongileyo (EDTEA), ezaMahlathi, ukuLoba noKusingqongileyo (DFFE). Lo msitho udibanise abahlawuli beenkonzo zikamasipala, nalapho bebethetha ngemiceli mngeni yolawulo lwenkunkuma kwisiThili.

Le Waste Indaba liqonga loosodolophu baseKuhlaleni nowesiThili, abaphathi masipala, kunye neengcaphephe zoshishino, lokwebelana ngemibono, baxoxe ngamacebo amatsha olawulo lwezenkunkuma, nokuqinisa iinzame zentsebenziswano.

Usodolophu wesiThili, uceba Zamo Nxumalo uthe, unemincili kwaye uziva endilisekile ukuba yinxalenye yale nkqubo, nanjengoko kuyeyokuqala eyoluhlobo kwisiThili. Uqhube wandandalazisa ukuba ulawulo lwezenkunkuma akuloxanduva nje kuphela, koko yindlela yokukhusela uluntu, ngokudala amathuba emisebenzi, ezoshishino kunye nokugxotha ikati eziko. Usodolophu ucebise ukuba oomasipala benze inkqubo ebizwa i-"Ukutya ngeNkunkuma," apho abahlali beelali zesiThili iHarry Gwala bezakunikwa ithuba lokuthengisa izinto ezilahliweyo ezingaphinde zisetyenziswe, kwiindawo ekulahlwa kuzo inkunkuma kuMasipala Umzimkhulu, baze banikezwe ii-voucher zokuthenga ukutya. Le Waste Indaba izakuncedisa kakhulu ngokunciphisa utshintsha-tshintsho lwemozulu enobungozi nokulumkisa ngokusingqongileyo okungakhuselekanga.

Le Waste Indaba igxininisa ukuzibophelela kumasipala kwiinjongo zawo zophuhliso olufikelelekayo, ngokoyamene nokubaluleka kokusingqongileyo kuzwelonke nakwihlabathi. Ngokuhamba kosuku, le Indaba ithembise ngeziphumo ezibonakalayo ezizakwenza Umzimkhulu ukhokhele kutshintsho lolawulo lwenkunkuma kule ngingqi.

**#IqandaKwinkunkumaKwimingxuma**
**#NMZWasteIndaba**
**#InkunkumaYimali**

# INTLANGANISO EKHETHEKILEYO YEBHUNGA EBANJELWE UKWAZISA INKOKHELI YEMVELI, UNKOSI THANDUXOLO BALENI





**Intlanganiso ekhethekileyo nebeyimpumelelo yokwamkela uNkosi Baleni, ukuqinisekisa ukuba onke amazwi oluntu ayavakala nokuhlonitshwa.**

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala namhlanje, ngomhla we14 kweyeThupha 2025, ubambe intlanganiso ekhethekileyo yebhunga yokwazisa nokwamkela ngokusesikweni uNkosi Thanduxolo Baleni, njengenkokheli yemveli ezakusebenza ngaphantsi komasipala.

Le ntlanganiso, ebibanjwe ngokwesahluko 81 somthetho wokusebenza koomasipala, ibonakalise inyathelo elibalulekileyo lokuqinisa amaqhina phakathi kweenkokheli zemveli kunye nolawulo lwasemakhaya kwesi siThili. Lo msitho ugxininise indima ebalulekileyo edlalwa ziinkokheli zemveli ukuphucula umanyano loluntu, ukugcina amasiko, nokuqhubeka nophuhliso loluntu.

UNkosi Baleni ufungiswe nguMphathi Masipala, uMnu. Gamakulu Sineke, othe, kuliwonga kumasipala ukuqeshwa kwale Nkosi.

"Siziva sindilisekile ukuba umntu okwizinga lakhe abe lilungu leBhunga leHarry Gwala," utshilo uMnu. Sineke. Usekela sodolophu, uceba Nosisa Jojozi, wamkele uNkosi Baleni ngezandla ezishushu, egxininisa ukubaluleka kwesikhokhelo semvelo kulawulo nakuphuhliso lwasemakhaya.

"Siziva sihloniphekile ukusebenza ecaleni kukaNkosi Baleni, nanjengoko sizama ukwakha isiThili esimanyeneyo, esipheleleyo nesiphumelelayo. Iinkokheli zemveli zingabakhuseli bamasiko ethu, namaqabane abalulekileyo ekuhambiseni iinkozo kunye nophuhliso loluntu. Lo ngumzuzu obaluleke kakhulu kwibhunga lethu," utshilo usekela sodolophu Jojozi.

Esenza intetho yakhe, uNkosi Baleni ugqithise umbulelo ngale ntlonipho, kwaye waqinisekisa ukuzinikezela kwakhe ukusebenzisana nabahlawuli beenkonzo ukuphucula izidingo zabantu baseHarry Gwala.

Le ntlanganiso yokwazisa ibonakalisa umgama wempumelelo yokudibanisa ulawulo lwemveli nolawulo lukamasipala, ukuqinisekisa ukuba ilizwi loluntu liyevakala kwaye liyahlonitshwa.









# IMBALI EMFUTSHANE NGOMLAWULI OMKHULU OMTSHA

## **UMLAWULI OMKHULU:** IINKONZO ZOLUNTU NECEBO LOPHUHLISO | INKOKHELI YECANDELO LEZICWANGCISO ZOLUNTU | INGCALI KWEZEMPILO KUMASIPALA, ULAWULO LWEZENTLEKELE

UMLAWULI oMkhulu: IiNkonzo Zoluntu neCebo loPhuhliso | INkokheli yeCandelo leZicwangciso Zoluntu | Ingcali kwezeMpilo kuMasipala, Ulawulo lweZentlekele

UNkszn. Thobeka Thabile Mahlaba ubonakalise amava amakhulu kumsebenzi wakhe kulawulo lwasemakhaya, kwaye sele eqalisile ukusebenza kwisithuba esitsha soMlawuli oMkhulu kwiiNkonzo Zoluntu neCebo loPhuhliso kuMasipala wesiThili iHarry Gwala, emva kwamava eminyaka engaphaya kweshumi elinesixhenxe, kuquka iminyaka engaphaya kweshumi kwizithuba zolawulo oluphakathi nolukhulu. Uzakukhokhela amasebe kamasipala abalulekileyo aquka, iinkonzo zempilo kumasipala, ulawulo lwezentlekele, iinkqubo ezikhethekileyo kunye necebo lophuhliso.

Imfundo yakhe iquka iBTech degree in Environmental Health kunye neNQF Level 6 National Diploma kwiTotal Quality Management, kwezinye zezifundo zakhe ezininzi ezikhethekileyo nezidingeka kwamasipala. Wafumana iHonours Degree (Cum Laude), waze wafumana inkxaso yokwenza iMasters Degree in Public Administration kwiDyunivesithi yaKwaZulu-Natal (UKZN), nalapho ephumelele kakuhle. Usebenze kakhulu ukuxhasa imisebenzi kamasipala nomthetho, ukubaluleka kwecebo le-IDP, kunye nemvelaphi kuzwelonke, ukuze isiThili sikwazi ukuhambisa iinkonzo zoluntu ezisulungekileyo.

UNkszn. Mahlaba unamava aqinileyo okukhokhela kumacebo, kwezezimali, ulawulo, nobambiswano kumacandelo ohlukeneyo. Ubengusihlalo kwiingxoxo ezohlukeneyo zikarhulumente neekomiti zamacebiso, kwaye igalelo lakhe kulawulo lwemisebenzi nokuhanjiswa kweenkonzo zoluntu limenze wafumana amawonga kwiphondo nakuzwelonke, kuquka ukukhethwa kwakhe kwi- OR Tambo Environmental Health Excellence Awards.

Lo saziwayo othembekileyo, onamava okusombulula iingxaki, oqonda imithetho nohlonipha okusingqongileyo, uyaqhubeka nokukhuthaza uphuhliso lwempilo yoluntu, icebo lezakhiwo kunye nophuhliso loluntu kwezoqoqosho, ngokoyamene ne-IDP kamasipala kunye nokubaluleka kwe-SDBIP.

Uzalelwe wakhulela ePhungashe Eluphepheni, kwisiThili iHarry Gwala. Uthobekile, uyaluthanda kakhulu usapho lwakhe, kwaye uyawuhlonipha kakhulu umsebenzi wakhe, nanjengoko engumsebenzi ovelisa iziqhamo ezintle ngalo lonke ixesha emsebenzini wakhe. Ngaphandle kobomi bakhe bomsebenzi, uNkszn. Mahlaba uthanda ukufunda, ingakumbi ngexesha locwangco, kwaye unomdla kakhulu kwimicimbi yehlabathi ukuze afumane ulwazi oluphangaleleyo kwimiba yelizwe, ukuze azigcine enolwazi kwizinto ezenzeka kwilizwe liphela. Oku kuyamnceda ukuze abone okuqhubekayo ehlabathini kwaye aqonde imiceli mngeni yophuhliso kunye nezisombululo zamanye amazwe angaphandle koMzantsi Afrika. Uyayithanda nempilo yokusingqongileyo, uphuhliso lolutsha, uphuhliso lwabasetyhini, kunye nokukhuthaza isiko lolawulo olulungileyo nolubankanyayo.





# AMAZWI ENU ABALULEKILE, LEQANI AMAPHUPHO ENU - UCEBA PATIENCE

UNOMPUMELELO Damoyi waqala ukuba nguceba kuMasipala wesiThili iHarry Gwala ukusukela ngo-2021. UNompumelelo wazalelwa kwilali encincane kwifama iWinterthoek eyaziwa ngeThembeni – Thafeni. Uqale izifundo zakhe eThembeni Primary School waze wenza amabanga akhe aphantsi eKheswa Junior Secondary School, emva koko waya kufunda amabanga aphezulu eRietvlei Senior Secondary School.

Ibanga lakhe leshumi uliphumelele eLourdes High School ngaphambi kokuba aye e-Umthatha Technical College, apho enze uzifundo zokuba ngunobhala.

Emva kokusebenza kumaziko ohlukeneyo, uye wanomdla kwezopolitiko, nalapho eqale khona ukuzibandakanya ngokuhamba iindibano.

Oku kwenzeke ngeminyaka yoo-80. Emva koko uye wazimanya ne-African National Congress, waba lilungu elipheleleyo ngoo-1990. Ngelixa i-ANC iqalisa amasebe, uye waba ngomnye wamalungu aphezulu. Uthabathe inxaxheba ngokupheleleyo kwimiba ye-ANC yesebe, waququzelela abantu ukuba bangene kwi-ANC, waze wakhuthaza uluntu ukuba livotele i-ANC kuvoto luka-1994.

Ngethuba kuqalisa uphuhliso, uye waququzelela uphuhliso loluntu ngokuzibandakanya neBhunga

> ***Ndifuna ukunikhumbuza ukuba, ukomelela kwenu, ukukhuthala kwenu nokuzimisela kwenu kuyakhuthaza, kholelwani kuni nakwizakhono zenu. Ilizwi lenu libalulekile, leqani amaphupho enu, kwaye ukwehluka kwenu ngamandla enu. Tyhalani ngamandla kwaye niqhawule amatyathanga, nizikhanyisele. Kuzakushiyeka isandi nesakhono senu sokufikelela kwinqanaba eliphezulu***

leZemidlalo kuZwelonke njengomnye wamalungu ekomiti, eququzelela ulutsha ukuba luthabathe inxaxheba kwezemidlalo. Uye wangumncedisi kwabadala, wabhalisa neDyunivesithi yoMzanzi Afrika (UNISA) njengomsebenzi kwimfundo yabadala, waqalisa ukuncedisa eWashbank iminyaka emihlanu.

“Ndisebenzele i-ANC kwisebe i-Amandla Wethu njengelungu eliphezulu lekomiti, ndingunobhala wesebe, ndangusekela sihlalo, ndagqibela ngokuba ngusihlalo wesebe... Ndizibandakanye namaqumrhu olawulo lwezikolo, apho bendingunobhala wequmrhu lolawulo lwesikolo iDiepkloor Combines School. Ndiye ndanguye nosihlalo wequmrhu lolawulo kwakwesisikolo sinye,” utshilo.

“Ndiye ndatyunjwa kwinkomfa ye-ANC njengelinye lamalungu aphezulu ekomiti kwingingqi ye-Alfred Nzo. Ndiphinde ndatyunjwa kwinkomfa kwingingqi yaseHarry Gwala njengonondyebo wengingqi, ngeloxesha ndandikhethwe njengoceba kuMasipala uMzimkhulu ukusukela ngo2006 ukuya ku2011. Ngelo xesha ndanikwa isikhundla sokuba ngusekela sodolophu eMzimkhulu, ndisebenza ngaphantsi kwesikhokhelo sikasodolophu Dzanibe. Ndisebenze kwizikhundla ezimbini zoluntu kunye neenkonzo zoluntu njengosihlalo nakwikomiti yohlahlo mali nezezimali,” utshilo.

UDamoyi ngoku unguceba kuMasipala uMzimkhulu, apho esebenza njengommeli webhunga kuMasipala wesiThili iHarry Gwala, nalapho ehlala kwiKomiti eKhethekileyo yeeNkonzo Zemisebenzi.

Ngo2017 wakhethwa ukuba asebenze njengeNduna, isithuba akasasibambileyo nangoku. Emva kokufungiswa kwakhe, uDamoyi ugqithise amazwi enkuthazo kuwo wonke amanina athandekayo kule Nyanga yaManina.

“Ndifuna ukunikhumbuza ukuba, ukomelela kwenu, ukukhuthala kwenu nokuzimisela kwenu kuyakhuthaza, kholelwani kuni nakwizakhono zenu. Ilizwi lenu libalulekile, leqani amaphupho enu, kwaye ukwehluka kwenu ngamandla enu. Tyhalani ngamandla kwaye niqhawule amatyathanga, nizikhanyisele. Kuzakushiyeka isandi nesakhono senu sokufikelela kwinqanaba eliphezulu,” ugqibele ngelitshoyo.







# IINCUTSHE EZIMELE UPHUHLISO LWESITHILI ZITYELELA UMASIPALA WESITHILI IHARRY GWALA

**Iincutshe ze-DDM umphathiswa wobuchwepheshe, ubuxhakaxhaka nempucuko uProf. Blade Nzimande kunye nosekela mphatshiswa wezokhuseleko namaqhawe emfazwe, uMnu. Richard Mkhungo, batyelele isiThili iHarry Gwala kwintlanganiso ye-DDM, nebeyimpumelelo.**

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala, ukhokhelwa ngoHloniphekileyo usodolophu, uceba Zamo Nxumalo, ephelekwa ngoosodolophu boomasipala basekuhlaleni ngaphantsi kwalo masipala, ngomhla weshumi elinanye kuCanzibe 2025, wamkele umphathiswa wengcaphephe, ubuxhaka-xhaka nempucuko, uNjing. Blade Nzimande, kunye nosekela mphathiswa wezokhuselo namagqala omkhosi, uMnu. Richard Mkhungo, okwayincutshe ye-DDM, esebenzela isiThili iHarry Gwala emele uphuhliso lwesiThili, kutyelelo lomsebenzi kuMasipala wesiThili iHarry Gwala.

Le ntlanganiso ibiyinxalenye yongenelelo lukarhulumente, nenjongo zayo ikukubhiyozela ukuhanjiswa kweenkonzo ngokumela uphuhliso lwesiThili (DDM).

> ***Ukusukela ngoku, asisekho kwisigaba samacebo, kodwa silapha ukuzoqala umsebenzi. Masisebenzisaneni.***

Onke amasebe kunye nabahlawuli beenkonzo bebenabameli kule ntlanganiso.

Njengencutshe ye-DDM yesiThili iHarry Gwala, umphathiswa Nzimande uthe uyazingca ngesi siThili, kwaye kubalulekile ukuba isebe lakhe lisebenzisane noomasipala kwesi siThili.

“Ndithanda ukudandalazisa ukuba indlela yesebe lam yokuxhasa oomasipala nge-DDM, nekhuthazwe ngumlonji wethu omtsha wesebe, kukubeka ubungcaphephe,



**Uphuhliso lwesiThili neenjongo zokukhawulezisa ukuhanjiswa kweenkonzo kwisithili ngophuhliso olusulungekileyo.**

ubuxhaka-xhaka kunye nempucuko phakathi korhulumente, imfundo, ushishino kunye noluntu. Isebe lethu lithabatha ulawulo lwasemakhaya njengengalo ebalulekileyo yombuso, enenjongo yokuphucula izinga leempilo zoluntu, ngakumbi kwiilali kunye nezinye iidolophu ezingena mpucuko," kutsho uNzimande.

Uqhube wathi: "Sikholelwa ukuba, ukuba oomasipala bethu baqhubeka nokwamkela ubungcaphephe, ubuxhaka-xhaka nempucuko, oku akuzuphucula isisindo samaziko abo kuphela, koko kuzakuphucula izinga lempilo yoluntu kakhulu. Kungoko singathandabuzi ukuba i-DDM inika isebe lethu ithuba elikhethekileyo lokufaka isandla ukuphucula ukuhanjiswa kweenkonzo, ngokwenza utshintsho, ngakumbi amacebo anobungqina nokwenza inkqubo."

Ukwabongoze oomasipala ukuba bangawaqhawuli amaqhina onxibelelwano noluntu abalusebenzelayo. Usekela mphathiswa Mkhungo uthe, bayazixhasa iinkqubo ezenziwa sisiThili. "Ukusukela ngoku, asisekho kwisigaba samacebo, kodwa silapha ukuzoqala umsebenzi. Masisebenzisaneni," kutsho usekela mphathiswa.

Usodolophu Nxumalo uthe, ulonwabele utyelelo labaphathiswa nanjengoko linike isiThili ithuba lokwabelana ngamacebo, kwaye sifumane inkxaso ebalulekileyo kubaphathiswa. Le nkqubo ibiquka iingxoxo nesikhokhelo sesiThilil kunye noomasipala basekuhlaleni kwiHarry Gwala njengengingqi, ngokoyamene nemiba yecebo elinye yokuhanjiswa kweenkonzo.



# IINGXOXO ZOKUKHULISWA KWAMAKHWENKWE ABENGAMADODA KUNYE NEZILUMKISO ZE-GBVF: UPHUHLISO LWABAFANA NEKAMVA ELIQAQAMBILEYO!!

**IHarry Gwala iphuhlisa abafana ukuze babe nekamva eliqaqambileyo.**








UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala, ebambisene noomasipala baseKuhlaleni, usingathe iingxoxo zokukhuliswa kwamakhwenkwe abengamadoda nezilumkiso ze-GBVF, eMountain Hall, kwawadi 19 ngaphantsi koMasipala waseKuhlaleni uMzimkhulu kutshanje.

Le nkqubo idibanise abafana, ootata, kunye neenkokheli zoluntu, ukuthetha ngokubaluleka kokuba ngumntu omdala olawulekayo, nokutshatyalaliswa kokuxhatshazwa ngokwesini nobandlululo ngokwesini (GBVF). Ezi ngxoxo zinike abafana abancinane indawo ekhuselekileyo ukuthetha ngemiceli mngeni, nokwabelana ngezinto abagqithe kuzo, nokubakhokhela ukuze baphile impilo esulungekileyo yobudala. Kulo msitho kuye kwaxoxwa ngamasikizi ajamelene namanina kunye namantombazana ngenxa ye-GBVF, kugxininiswa isidingo sokusebenzisana ukuze kunqandwe ukuxhatshazwa kolu hlobo.

Amasebe karhulumente, ii-NGO, kunye namaqela oluntu aye adibana ukuza kuxhasa le nkqubo, bebonakalisa ukuzibophelela kwabo ukwenza indawo ekhuselekile yamanina namantombazana.

Usomlomo woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uSibongiseni Mdunge, ugxininise ukubaluleka kokuthetha ngokusela utywala kunye nokusetyenziswa kweziyobisi, ezikhokhelela kwi-GBVF. Usomlomo ukhuthaze abafana abancinane nootata ukuba babe ngabahlali abanesineke, nabazakuba ngegalelo elilungileyo kuluntu lwabo.



# IINGXOXO ZEHARRY GWALA ZEG20 USODOLOPHU UQWALASELA UPHUHLISO LWEZAKHIWO









**Usosolophu Nxumalo kunye nabanye abaxhasi kwiingxoxo zeG20, nalapho bebexoxa ngokubaluleka kophuhliso lwezoqoqosho ezilalini.**

USODOLOPHU woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Z. D. Nxumalo akawaxubanga amagama akhe xa ethetha ngokuqwalasela uphuhliso lwezakhiwo, ngakumbi kwiidolophu ezisezilalini, ukuba kuqalwe ngazo kuluhlu lwemiba ekuzakuxoxwa ngayo kwiingxoxo ezizayo zomhlaba zeG20, nezizakubanjelwa eMzantsi Afrika kwinyanga yeNkanga 2025.

Uceba Nxumalo uthethe okokuqala ngokuqwalasela izakhiwo zasezilalini kudliwano ndlebe eSayidi TVET College eKokstad kutshanje, ngethuba ebeyinxalenye yeengxoxo ezandulela ezeG20 kwisiThili iHarry Gwala.

Ezingxoxo beziquka urhulumente, abaxhasi boluntu, kunye namanye amaqela, ukuthetha ngemiceli mngeni eeyohlukeneyo okanye amacebo abalulekileyo, namalungiselelo eengxoxo zomhlaba, ukuze kufumaneke isisombululo sanaphakade kwimiba eyoyamene nokwehla kwezoqoqosho, okuphazamisana nokudala amathuba emisebenzi, kunye nokulwa nentlupheko.

Lo msitho obeyimpumelelo, ubuququzelelwe lisebe lephondo lezonxibelelwano lukarhulumente kunye nenkqubo yolwazi (GCIS), apho abaxhasi bakarhulumente bedibene noluntu kwiingingqi ezohlukeneyo, ukuxoxa ngemibono yohlukeneyo ezakuvezwa kwiingxoxo ezizayo.

Esenza intetho yakhe, ohliniphekileyo usodolophu, uceba Nxumalo uthe, iliso kufanele libekwe kuphuhliso lolwakhiwo lwemigwaqo ukulungiselela ukuxhumana kwamashishini ukukhulisa ezoqoqosho.

"Oku ndikutsho ngoba, ukutyala imali kunakekelo lokuxhumana kweendlela kungenza lula kurhulumente namaqela abucala, ukuphucula ukuhanjiswa kwempahla kunye nabantu, okuzakukhokhelela ekonyukeni kwemveliso, amathuba emisebenzi, nophuhliso kwezoqoqosho jikelele," utshilo uceba Nxumalo.

Ucebise ukuba ezinye iiprojekthi neenkqubo ezinceda kwezoqoqosho nakuluntu, zinikwe inkxaso ngqo.

Okunye okubalulekileyo, uceba Nxumalo ubongoze ulutsha ukuba luphucuke, lube ngabavelisi, ludale amathuba emisebenzi, kunokuxhomekeka ekufuneni imisebenzi ukuze baphile.

Uceba Nxumalo ukwathe, abantu balahlekelwe ngumdla kwezolimo ngexesha apho urhulumente esenza unako-nako ukusondeza iinkonzo zamanzi kubo. "Akusafani nakuqala, apho sasihamba siyokha amanzi emfuleni, kodwa sasiphila ngokulima sitye ukutya esikutyalileyo, kunokuhamba siyothenga ezivenkileni," utshilo uNxumalo.

Ngethuba kuqhuba iingxoxo, uNkosi Lucky Fodo waseMzimkhulu ugxininise ukuba imfundo yeloMzantsi Afrika kufanele itshintshwe, kufakwe nophuhliso lwezakhono ukuxhobisa abafundi ngolwazi lwemfundo kunye nezakhono ezibalulekileyo, ezidingekayo emisebenzini nasebomini jikelele.

"Oku kuquka ukukhuthaza ukucinga nzulu, ukusombulula iingxaki kunye nentsebenziswano, konke kuhambisane nemfundo esisisekelo kunye nolwazi olukhethekileyo," utshilo uNkosi Fodo.

Uthe, bafuna oonamyayi abazakuveliswa babizwe ngamagama abantu boMzantsi Afrika.

Ngokwenza oku, uNkosi Fodo, obesenza intetho yakhe ngesiZulu, ugxininise ukubeka phambili iilwimi zemvelo, esithi: "Amanye amazwe aphucukileyo afana neChina, asebenzisa ulwimi lwawo kuphela kwaye benza yonke into kakuhle, bokhe ilizwe labo baze baqinisa ezoqoqosho ngolwimi lwabo, amasiko nezithethe ngaphandle kokulahla isintu sabo.

Umemelele urhulumente ukuba aqinisekise ukuba iinkokheli zemveli zinamalungelo kwaye zizo ezilawula izembiwa, zibe namalungelo awodlula la abanawo awomhlaba kuphela.

***Iingxoxo ezizayo zeG20 ziquka la mazwe alandelayo: i-Argentina, Australia, Brazil, Canada, China, France, Germany, India, Indonesia, Italy, Japan, Republic of Korea, Mexico, Russia, Saudi Arabia, South Africa, Türkiye, United Kingdom, ne-United States, kunye namaqumrhu amabini engingqi, iManyano yamazwe ase-Europe (EU) kunye neManyano yamazwe ase-Afrika (AU).***

# UKUPHUCULWA KWEZIKO ELIKHULU ELIQOKELELA IZITAMKOKO IMBIZWENI KWIDOLOPHU UMZIMKHULU (WADI 16)

**INOMBOLO YESIVUMELWANO: HGDM760/HGDM/2022**

| Yenziwe ngu | Igama nesikhundla | Isityikityo | Umhla wokutyikitya |
|---|---|---|---|
| Zimile Consulting Engineers | Ms. N Maphanga - Project Manager<br>Mr. M. Mtimde Technician<br>Mr. M. Cele<br>Chief Engineer, Contracts<br>Mr. N.E. Biyase, Executive Director: Infrastructure Services | | 08/08/2025 |
| **Ihlolwe ngu** | | | |
| Harry Gwala District Municipality | | | |
| **Ipasiswe ngu** | | | |
| Harry Gwala District Municipality | | | |

| ULWAZI NGEPROJEKTHI | |
|---|---|
| Igama leProjekthi | Ukuphuculwa kweziko elikhulu eliqokelela izitamkoko iMbizweni kwidolophu Umzimkhulu (wadi 16) |
| Inombolo-mbhaliso yeProjekthi | 2022MIGFDC43466314 |
| Inombolo ye-MIG-MIS | 466314 |
| Indawo yeProjekthi | Amanani endawo: Lat S 30° 27' 21.18"; Long E 30° 00' 40.48"<br>UMasipala waseKuhlaleni: uMzimkhulu LM |
| Uhlobo lweProjekthi | lProjekthi yogutyulo lwelindle |
| Ixabiso leProjekthi | R 70 603 245,67 |
| Inkxaso yeMIG | R 70 026 257,95 |
| Inkcitho-mali yoonyaka-mali abagqithi-leyo | R 44 671 458,78 |
| Inkxitho-mali yalonyaka-mali | R 25 888 615,20 |
| Inkxitho-mali yalenyanga (ngokwesice-li sentlawulo esifakiweyo | R 0 |
| Isixamali esikhulayo esingekahlawulwa (kude kube yilenyanga) | R 3,596,309.46 |
| EPWP | Ewe |
| Intsha/lyalungiswa/lyaphuculwa | Intsha |
| Igama lomxhumanisi | Zimile Consulting Engineers |
| Igama likaNokhontilakhi | SSR Security T/A Mahlubi Plant |
| Umhla wokuqala umsebenzi | 04 EyeDwarha 2022 |
| Umhla wokuqeshwa komxhumanisi | 20 EyoMdumba 2020 |
| Umhla wokubeka isiza | 6 EyeDwarha 2022 |
| Usuku lokugqitywa kweProjekthi | 28 EyoKwindla 2024 |
| Ukulibaziseka (Nika ingxelo) | Ukulibaziseka kokuvunywa yi-MBPAC. |
| Ukongezwa kwexesha | Imvula, ukuqhunyiswa, iziphehli, ukufikiswa kwezixhobo kunye nokuxhuma. |
| Ixesha lokugqiba eliphonongiweyo | Iintsuku ezili117 |
| Ixesha lokugqiba eliphononongiweyo 2 | 31 EyoKwindla 2025 |
| | 29 EyeThupha 2025 TBC |

**UMSEBENZI WEPROJEKTHI**

Umsebenzi weprojekthi uquka okulandelayo:
Ukwakhiwa komzila wemibhobho
Ukuthenga, ukwendlala nokwendlalela (umondlalo wemibhobho ethambileyo) imibhobho ye-UPVC nezixhobo ezicindezelayo, ukudibanisa, ukuhlola, nokucocwa kwezilandelayo:
- Umzila wemibhobho - 350 mm ukuvuleka Class 12
- Umzila wemibhobho - 355 Grade A yentsimbi

Ukwakhiwa kwesitishi esitsha sokuphehla
- Ukwakhiwa kwesitishi esiqinileyo sesamente kunye nezitamkoko
- Ukufumana umbane ku-Eskom, kuquka intlawulo yesicelo nokukhanyisa
- Ukufakelwa kwesiphehli sombane selindle esingama-630kl/yure nomatshini wokudumisa
- Ukufakelwa kwesiphehli sombane selindle esingama 45 kl/yure nomatshini wokudumisa (ukohlulwa kwelindle namanzi)
- Ukufakelwa kwesitishi esincinane ezingama-315kVA
- Ukufakelwa kweGenerator engama-300kVA
- Ukufakelwa kweevaluva (iimitha zokwahlukanisa, ezomoya, nezesantya sokuhamba kwezinto ezicocwayo)
- Ukufakelwa kwebhokisi yokulawula yombane
- Ukwakhiwa kwendlu yokuphehla, kuquka iivaluva, iimitha zesantya sokuhamba kwezinto ezicocwayo, iziphehli kunye nesicelo sakwa-Eskom

| Ukuncedisana nokusilela | |
|---|---|
| **Amaceo: (umz.)** | **Kugqitywe: (umz.)** |
| Umbhobho we-UPVC ongama-355 mm ukuvuleka– 1300m<br>Inani lemingxuma ezakwakhiwa: 4 imingxuma.<br>Umbhobho wentsimbi ongama-355 mm ukuvuleka umzila wemibhobho - 250m<br>Ukugrunjwa kwesitishi sokuphehla 8190 m3 | Umbhobho we-UPVC 355 Izitamkoko – 1245m<br>Inani lemingxuma eyenziweyo - 4 imingxuma<br>Umzila wemibhobho yentsimbi engama-355 mm ama-192m<br>Ukugrunjwa kwesitishi sokuphehla ama-7548 m3 |

| | |
|---|---|
| Umsebenzi kuqhathaniswa ne-NOR | 97% |
| Inkqubo kuqhathaniswa nenkqubo yolwakhiwo | Umsebenzi 97% vs Inkqubo yolwakhiwo 97% |
| Utshintsho kwi-MIG 1 (ukutsho., inkxaso, umsebenzi) | Kusetyenzwa ngokwesivumelwano somsebenzi nesivumelwano sexabiso le-NOR. |
| Isizathu sotshintsho | Asikho |
| Ukulungiswa/ ukuncediswa | Akukho |
| Ingxelo yenkcitho kwi-MIG-MIS (Ewe/Hayi) | Ewe |
| Izizathu zokunganiki ingxelo kwi-MIG-MIS (ukuba hayi) | Asikho |
| Ingxelo yesahluko 71 | Ewe |

**UNGENELELO OLUDINGEKANYO NEMPUMELELO**

**Ungenelelo oludingekayo**
- Unokhontilakhi oxhume izitamkoko ngokungekho semthethweni ufumene isohlwayo ngenkcitho eyenzeke ukususwa kwamanzi esitamkoko kumgca obalulekileyo. Ngaphezulu, unokhontilakhi omkhulu uyalelwe ukuba asuse isitamkoko kumgca ngokwesiqikelelo-manani esivunyiweyo.
- Unokhontilakhi ucelwe ukufaka amaxwebhu acacisayo e-EOT kunye namaxhwebhu axhasayo.

**Impumelelo**
- Ukwakhiwa kodonga, ukucoca, kunye namavaluva omoya zigqityiwe.
- Isakhiwo sentsimbi nesamente zigqityiwe.
- Ukuqiniswa kugqityiwe.
- Iziphehli, imibhobho nezixhobo zazo zigqityiwe.
- Ukwakhiwa kwesitishi sokuphehla kugqityiwe.
- Ukuhlolwa kokusebenza kweziphehli kwenziwe.









# ISAZISO SOLUNTU

## Icebo lesinxephezelo

**Usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala ukhuthaza bonke abahlali ukusebenzisa inkqubo yesinxephezelo kamasipala yokuhlawulela iinkonzo.**

**Ukusukela kweYeThupha 2025 umasipala usungula inkqubo yesinxephezelo ngenjongo yokunyanzelisa isiko lokwenza iintlawulo zikamasipala zamanzi nogutyulo lwelindle.**


Koku okukhankanywe ngasentla, uMasipala wesiThili iHarry Gwala ufikelele kwisigqibo sesinxephezelo kubaxhamli bamanzi nogutyulo lwelindle abasemva kumatyala abo ngeentsuku ezingama90 nangaphezulu. Abaxhamli abavumelekileyo abanqwenela ukuxhamla kwesi sinxephezelo kufuneka beze kwii-ofisi zikamasipala, e-Ixopo, uMzimkhulu okanye eKokstad, ukuze bafumane iimpepha zokwenza isicelo, ukugqiba kwabo ukuzityikitya, kufuneka baziphindise kwakwezi ofisi. Usuku lokuvalwa kwesinxephezelo ngumhla wama31 eYoKwindla 2026. Esi sinxephezelo sizakuhamba ngolu hlobo:

1. Amatyala okubhatelwe u50% wetyala elo kwiintsuku ezingama30 emva kokutyikitya iimpepha zesinxephezelo, kuzakophulwa u50% wetyala elishiyekileyo.
2. Amatyala okubhatelwe u50% wetyala elo kwiintsuku ezingama60 emva kokutyikitya iimpepha zesinxephezelo, kuzakophulwa u40% wetyala elishiyekileyo
3. Amatyala okubhatelwe u50% wetyala elo kwiintsuku ezingama90 emva kokutyikitya iimpepha zesinxephezelo, kuzakophulwa u30% wetyala elishiyekileyo
4. Amatyala okubhatelwe u50% wetyala elo kwiintsuku ezingama120 emva kokutyikitya iimpepha zesinxephezelo, kuzakophulwa u20% wetyala elishiyekileyo
5. Amatyala okubhatelwe u50% wetyala elo kwiintsuku ezili150 emva kokutyikitya iimpepha zesinxephezelo, kuzakophulwa u10% wetyala elishiyekileyo
6. Abaxhamli abafanelekileyo, abangenakho ukuthabatha ezi zinxephezelo zibhalwe ngasentla zontlanu (5), bakhuthazwa ukuba benze isivumelwano sentlawulo yetyala nomasipala, ngokwemithetho nemiqathango ebhalwe kwiimpepha zesivumelwano sentlawulo, ezifumaneka kwii-ofisi zoomasipala eKokstad, uMzimkhulu okanye e-Ixopo, eFranklin, e-Underberg naseBulwer.

## Abaxhamli bayakhuthazwa ukusebenzisa eli thuba lesinxephezelo.

Esi sinxephezelo siquka amasebe karhulumente kunye namashishini oluntu.

Ngeencukacha ezithe vetshe, xhumana nomnye waba basebenzi:-
**Vuyokazi Mfenqa (Umphathi omkhulu kwezengeniso) - (039) 834 5529/8700**
Kwi-ofisi yaseKokstad: **Qinisile Mchunu (039) 727 2723**
Kwi-ofisi yase-Umzimkulu: **Khanyisile Mlaba (039) 834 5655**
Kwi ofisi enkulu e-Ixopo: **Mbalenhle Mzizi (039) 834 8772**
Kwi-ofisi eNkosazana Dlamini-Zuma (Ingwe naKwaSani): **Lwazi Mdladla (039) 834 5682**



**USODOLOPHU UCEBA UZ.D NXUMALO**

IKHUTSHWE LICANDELO LONXIBELELWANO KUMASIPALA WESITHILI SASEHARRY GWALA



# UMASIPALA WESITHILI IHARRY GWALA UTHABATHA INXANXEBA KWITUMENTE I-UMNGENI-UTHUKELA ANNUAL SPORT TOURNAMENT

IHarry Gwala ikhuthaza impilo entle nokubaluleka komanyano kubasebenzi ukuze baqhubeke nokuhambisa iinkonzo ezisulungekileyo kuluntu.

KUTSHANJE uMasipala wesiThili iHarry Gwala uthabathe inxaxheba kwiTumente i-UMngeni-UThukela Annual Sport Tournament, nebibanjwe ngomhla wama26 ukuya kowama27 kweYeKhala 2025, kumabala ezemidlalo i-Ugu Sport and Leisure Grounds. Le tumente idibanise oomasipala kunye nabaxhasi kwingingqi iKwaZulu-Natal, ukuze babhiyozele ezemidlalo, impilo kunye nentsebenziswano.

Kulo msitho bekukho imidlalo eyohlukeneyo kuquka, ibhola ekhatywayo, ibhola yomnyazi, ukuzilolonga, ivolleyball, ipool kunye nokuhlolwa kwempilo. Injongo yale midlalo kukukhuthaza impilo emzimbeni, impilo ngokwase ngqondweni kunye nentsebenziswano phakathi kwabasebenzi nabahlawuli beenkonzo eluntwini.

Usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Zamo Nxumalo uthe, uyazingca ngenxaxheba ethabathwe ngabasebenzi, egxininisa ukubaluleka kwempilo kubasebenzi xa kuhanjiswa iinkonzo ezibalulekileyo kuluntu. “Impilo yabasebenzi ibalulekile ukuhambisa iinkonzo ezibalulekileyo kuluntu lwethu,” utshilo. “Abasebenzi abaphilileyo nabonwabileyo beza neziphumo ezintle,” uqhube watsho usodolophu.

Le tumente inike uMasipala wesiThili iHarry Gwala ithuba lokwakha ubudlelwane nabanye oomasipala kunye nabaxhasi kwisebe lamanzi nogutyulo




> ***Impilo yabasebenzi ibalulekile ukuhambisa iinkonzo ezibalulekileyo kuluntu lwethu... Abasebenzi abaphilileyo nabonwabileyo beza neziphumo ezintle***















lwelindle. Abathabathe inxaxheba baquka, eThekwini Metro, Msunduzi Local Municipality, ILembe District Municipality, Ugu District Municipality, uMngeni Water Services, Siza Water, Msinsi Holdings, kunye ne-uMngeni-uThukela Water.

UMphathi Masipala, uMnu. Gamakulu Sineke, wenze umbulelo kubasebenzi ngokuxhasa nangokuthabatha inxaxheba kule tumente. Ngelixa injongo ibikukuthabatha inxaxheba ngaphezu kokhuphiswano, kodwa lo msitho ukwakhuthaze intsebenziswano, iindlela zokuphila eziyimpilo kunye nomoya wokuzimisela emsebenzini.

UMasipala wesiThili iHarry Gwala uzimisele ukuqhubeka nokubambisana kunye neenkqubo ezikhuthaza impilo kubasebenzi kunye nentsebenziswano yamasebe.



